### Okubhalwayo:

1. Biza ngokucacileyo inombolo u-1, ulandele ngokubizela igama.
2. Abafundi mababhale ngokucocekileyo igama ecaleni kwenani u-1.
3. Abafundi mabakrwele umgca omncinci ecaleni kwenani xa bengakwazi ukubhala igama.
4. Bakugqiba ukubhala amagama ali-10, abafundi mababhale isivakalisi abasibizelwayo, bafakele iimpawu zokubhala ezifanelekileyo.
5. Abafundi mababhale uvavanyo bethule kwaye bengajongi kwabanye abafundi.

### Ukumaka:

- Lakuphela uvavanyo, xelela abafundi ukuba bazakumaka iincwadi zabo.
- Abafundi mabasebenzise ikhrayoni EBUKHALI yawo nawuphi na umbala.
- Biza izandi zegama lokuqala kuvavanyo lopelo. Bhala igama ebhodini ngoku ulibizayo.
- Xelela abafundi ukuba baliphawule igama ukuba libhalwe kakuhle, balihlabe ukuba alifani nelisebhodini ze babhale ecaleni kwalo eli libhalwe ebhodini.
- Qhuba ngolu hlobo kuwo onke la magama.
- Bhala isivakalisi sopelo ebhodini, bakhumbuze abafundi ngezandi ezenziwe kwiiveki ezidlulileyo.
- Abafundi mabanike inqaku elinye kwigama ngalinye elipelwe kakuhle.
- Amanqaku ovavanyo ewonke ali-15.
- Wakugqiba ukuphawula, qokelela iincwadi zabafundi ukuze ukwazi ukubona abafundi abaqhuba kakuhle.

# CORE METHODOLOGIES

EXAMPLE / UMZEKELO:

Uvavanyo lopelo

21 Eyokwindla 2016

- |            |               |
|------------|---------------|
| 1. isonka  | 2. isali      |
| 3. isandla | 4. isongololo |
| 5. isisu   | 6. isihlangu  |
| 7. usuku   | 8. iseke      |
| 9. isidudu | 10. isiva     |

Isonka sam sine songololo.



## HANDWRITING: GRADE 1 - WRITING A NEW LETTER / UKUBHALA NGESANDLA: IBANGA 1 - UKUBHALA UNOBUMBA OMTSHA

### Qaphela:


Kwisiqingatha sokuqala sonyaka kwiBanga1, abafundi bafunda oonobumba abancinane. Ukusukela phakathi enyakeni, bafunda oonobumba abakhulu. Ekupheleni konyaka, kufuneka bakwazi ukubhala ngotyibiliko oonobumba abancinci noonobumba abakhulu bengadibanisi.

### Izixhobo Ezifunekayo:

- Ibhodi ecocekileyo.
- Itshati yobhalo lwesandla.
- Abafundi babhala kwiincwadi ezingenamigca okanye ezinemigca engama 17mm (ngexesha)
- Abafundi babhala ngeekhrayoni ezinamafutha ( wax) okanye ngeepensile (ngexesha)


### Amalungiselelo:

1. Lungisa iincwadi zabafundi ngolu hlobo:
  - a. Jika incwadi ime ngobubanzi.
  - b. Goba iphepha embindini, phinda uligobe kwakhona wenze



imigca emithathu.

- c. Bhala unobumba omncinci ekuqaleni kwephepha ngasekhohlo, ukuya kumbindi wephepha.
- d. Lungisa oonobumba bemigca eqhawu-qhawukileyo ngokwalendlela engezantsi:





# CORE METHODOLOGIES

## I-Orali:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Xeleta abafundi ukuba uzakubafundisa ukubhalwa kwesandi: u- a
3. Xeleta abafundi abangamanxele ukuba basonge iingalo zabo. Uzakubanika ithuba labo.
  - a. Yima ufulathele abafundi, ze uphakamise isandla sakho sasekunene, ubhale unobumba ngomnwe emoyeni.
  - b. Phinda phinda le nkqubo.
  - c. Phinda phinda ngaphezu kwamatyeli amathathu, ukuze abafundi abasebenzisa isandla sasekunene bakulinganise besebenzisa umnwe wabo wokukhomba.
4. Ukuba unabafundi abasebenzisa isandla sasekunxele yenza oku kulandelayo:
5. Xeleta abafundi ababhala ngesandla sasekunene basonge izandla zabo.
  - a. Yima ufulathele abafundi, ze uphakamise isandla sakho sasekhohlo, ubhale unobumba ngomnwe emoyeni.
  - b. Xeleta abafundi ngento oyenzayo njengokuba ubhala.
  - c. Phinda phinda ngesandla sakho sasekhohlo ukuze abafundi abasebenzisa isandla sasekhohlo bakulinganise.
6. Okulandelayo, xeleta abafundi ukuba babhale ngeminwe yabo kwiitafile zabo.
7. Okokugqibela, xeleta abafundi ukuba batshintshane ngokubhala unobumba kwimiqolo yabo.

## Okubhalwayo:

1. Yalela abafundi ukuba bavule iincwadi zabo.
2. Fundisa abafundi ukuba babeke umnwe wabo wokukhomba ekuqaleni kukanobumba omkhulu, bacinezele phezu kukanobumba, belandela indlela eyiyo abhalwe ngayo.
3. Okulandelayo, bonisa ukuba ubhalwa njani na unobumba ebhodini.
4. Abafundi mabacinezele phezu konobumba umkhulu okwexeshana, besebenzisa ikhrayoni.
5. Xeleta abafundi ukuba bacinezele phezu koonobumba abangamachaphaza, besebenzisa ikhrayoni.
6. Xeleta abafundi ukuba babhale unobumba bengancediswa.
7. Jikeleza apha eklasini ujonge ukuba abafundi babhala into eyiyo na.
8. Bakubhala abafundi ngendlela eyiyo, babonise ukuba siyashiywa isithuba phakathi kwamagama, kwaye mabagqibezele oonobumba abakwimiqolo.
9. Ukuba ixesha lisekhona, biza abafundi ukuze bamamele ngenyameko.
10. Bhala ngocoselelo igama ebhodini, cacisa ngalo ngoku ubhalayo.
11. Abafundi mabakope balibhale eli gama kwiincwadi zabo.

# CORE METHODOLOGIES



## HANDWRITING: GRADE 2 - WRITING NEW LETTER(S), WORDS AND PATTERN / UKUBHALA NGESANDLA: IBANGA 2 - UKUBHALWA KONOBUMBA / OONOBUMBA ABATSHA, AMAGAMA NEEPATHENI.

### Qaphela:

Kwisiqingatha sokuqala kwiBanga 2, abafundi bazakuqhubeka bephucula isantya notyibiliko ababhala ngaso xa bebhala oonobumba abancinci nabakhulu bengadibanisi. Ukusukela phakathi enyakeni, abafundi bafunda ukubhala ngokudibanisa. Le nkqubo ibonisa ukubhala ngokudibanisa.

### Izixhobo Ezifunekayo:

- Ibhodi ekrwelwe imigca.
- Itshati yobhalo lwesandla.
- Abafundi babhala kwiincwadi ezinemigca engama 17mm okanye imigca esi 8.5mm (ngexesha)
- Abafundi babhala ngepensile okanye ipeni (ngexesha)

### I-Orali:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Qinisekisa ukuba ikrweliwe imigca ebhodini yokubhala ubhalo lwesandla.
3. Xelela abafundi ukuba mabakuqwalasele njengokuba ubhala ebhodini.
4. Bhala amagama ngononophelo, ucacisela abafundi lento uyibhalayo ngoku uqhubekayo ubhala.
5. Bhala izivakalisi ngononophelo, ucacisela abafundi lento uyibhalayo ngoku uqhubekayo ubhala. Khumbuza abafundi ukuba babeke umnwe wokukhomba kule ndawo baqala kuyo ukubhala, ukushiya isithuba esingangomnwe phakathi kwamagama, ukusebenzisa iimpawu ezifanelekileyo zokubhala. Bakhumbuze njalo ukuba ubhalwa njani unobumba omkhulu.
6. Bakhumbuze abafundi ngeziphene ezenzeka njalo, umz. ukungabhali /ukungavali oonobumba, ukubhala kakhulu/ ukuxabela okanye kancinci kakhulu/ ukumfikimfela, ukungabhali emigceni nokungashiyi zithuba phakathi kwamagama.

### Okubhalwayo:

1. Xelela abafundi ukuba babhale umhla ngasekunene ekuqaleni kwephepha bawukrwelele umgca, bakugqiba bakope isandi ngononophelo, amagama, izivakalisi kunye nepatheni.
2. Jikeleza ngelixa abafundi bebhala ulungise iziphene ukwabanika nengxelo ngomsebenzi wabo.
3. Bakhumbuze abafundi ukuba bangajonga itshati yobhalo lwesandla njengesikhokelo.

**EXAMPLE / UMZEKELO:**

Ukubhala ngesandla                      21 Eyokwindla 2016

sh sh sh sh sh sh sh sh sh sh sh sh

ishumi, isheleni, ubushushu, ishishini

Umama ushiye ishumi lakhe eSheshegu.



## **HANDWRITING: DBE WORKBOOK / UKUBHALA NGESANDLA: INCWADI YOKUSEBENZELA YEDBE**

### **Izixhobo Ezifunekayo:**

- Ibhodi ecocekileyo enemigca ekrweliweyo.
- Itshati yobhalo lwesandla.
- Incwadi yabafundi yokusebenzela ye DBE.

### **I-Orali:**

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Qinisekisa ukuba ikrweliwe / izotywe imigca ebhodini yokubhala ubhalo lwesandla.
3. Xelela abafundi ukuba mabakuqwalasele njengokuba ubhala ebhodini.

### **Okubhalwayo:**

1. Xelela abafundi ukuba batyhile iphepha elifanelekileyo kwiincwadi zabo ze-DBE.
2. Bacacisele ukuba mabenze ntoni.
3. Xelela abafundi ukuba baqalise.



## READING: LOOK AND SAY WORDS / UKUFUNDA: AMAGAMA AJONGWA ABIZWE

### Izixhobo Ezifunekayo:

- Oonotsheluzi bamagama.
- Imifanekiso yezixhobo ezizizo ukucacisa igama (ukuba kuyimpumelelo).
- Amacwecwe abafundi okufunda.

### I-Orali:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Cacisela abafundi ukuba uzakufunda ibali ze ubuze imibuzo ebhekiselele kwibali.
3. Ngaphambi koko kufaneleke ukuba sifunde amagama amatsha.
4. Phakamisa unotsheluzi omnye ze ubize igama kabini, ngoku abafundi bekujongile.
5. Ukuba unawo umfanekiso wesixhobo esisiso, bonisa abafundi.
6. Apho kukho imfuneko, buza intsingiselo yegama kubafundi-mabakubonise okanye bayicacise.
7. Okulandelayo, abafundi mabafunde igama- beyiklasi, bengamaqela okanye bengabanye.
8. Xelela abafundi ukuba bajonge ubume nobude begama, kunye nonobumba wokuqala. Abafundi kufuneka balikhumbule ukuba lime njani igama. Baxelele ukuba bathathe umfanekiso wegama ngamehlo abo.
9. Yazisa igama elilandelayo kwangoluhlobo.
10. Bonisa onotsheluzi bamagama amabini, xelela abafundi abohlukeneyo ukuba bafunde igama.
11. Qhuba ngale ndlela kude kuphele amagama esi sifundo.
12. Phinda ujonge amagama wonke kwakhona.
13. Ukuba kukho abafundi abasasokoliswa ngamanye amagama, gxininisa ubancede kuwo lo magama.



## READING: PHONIC DECODING / UKUFUNDA: UPHUHLISO ZANDI

1. Uphuhliso zandi kuxa ubiza amagama ngokwezandi zawo.
2. Ukuba umfundi uyafunda, ze afumane ubunzima myalele ukuba abize izandi zegama elo ukuze alazi igama.
3. Mncedise umfundi ngesandi sokuqala ukuba ufumana ubunzima.
4. Xa sele egqibile ukuzibiza zonke umfundi izandi ngokonwabu, yithi makaphinde azibize ngokukhawuleza kweli tyeli.
5. Sebenzisa izandla zakho ukubonisa umfundi ukuba abize izandi zonke ade alive igama.
6. Umzekelo:
  - a. Umfundi akakwazi ukufunda “uhadi”.
  - b. Mcele ukuba alibize elo gama.
  - c. Mnike isandi sokuqala, ‘u’.
  - d. Mncede ukulibiza ucotha: u...h...a.....d.....i
  - e. Mcele ukuba alibize kwakhona,ngokukhawuleza : u...h...a...d...i
  - f. Sebenzisa izandla zakho ukubonisa umfundi ukuba abize izandi , umcele ukuba alibize ngokukhawuleza:uha...di.
  - g. Kwakhona: uha...di.
  - h. Kengoku igama: uhadi
7. Ezinye iindlela zokuncedisa uphuhliso zandi zifana nezi :
  - a. Ukucela umfundi afunde isigaba esinye segama, aze abize izandi zesinye isigaba segama
  - b. Ukujonga isakhi segama esisekuqaleni nesisekugqibeleni, umzekelo:  
kha-la
  - c. Ukunceda umfundi ohlule igama elide libe ngamalungu
8. Qaphela: Esi sisakhono esinzima kakhulu. Nika abafundi uncedo olukhulu kuqala, yiba nomonde, ubanike namathuba amaninzi ukuba baziqhelanise.



## READING: SHARED READING / UKUFUNDA: UKUFUNDA NOTITSHALA

### Izixhobo Ezifunekayo:

- Oonotsheluzi abanamagama ajongwa afundwe (look and say words)
- Itekisi ezakufundwa

### Qaphela:

- Xa kufundwa notishala bonke abafundi bafunda itekisi enye. Kungaba yincwadi enkulu, ingaba yiyo nayiphina itekisi eqhelekileyo, njengencwadi yokufunda yeDBE.
- Injongo yokufunda notishala kukuba abafundi balive ibali njengomfundi (reader) onamava okufunda.
- Loo nto ithetha ukuthi kufanele bakhuthazwe abafundi ukuba balandele ibali, baliqonde, kwaye bacinge nangabalinganiswa.
- Abafundi bawukwazi ukufunda ngokungalingelekanga, njengokuba befunda, kwaye bawabone amagama asephepheni.
- Kufuneka usebenzise isifundo sokufunda notishala njengethuba lokufundisa igruma nesigama kubafundi. Enza oku ngokungalingelekanga xa ubona iimpawu zetekisi. Umzekelo, ungaxininisa ngendlela isenzi esitshintsha ngayo ukubonakalisa ixesha (tense).
- Uzakuba nezifundo ezine zokufunda notishala kwiveki nganye. Uyacelwa ukuba wenze ezi zifundo zilandelayo kwezo zifundo zine:

### ISIFUNDO 1: NGAPHAMBI KOKUFUNDA (PRE-READING)

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Fundisa abafundi amagama akoonotsheluzi.
3. Cela abafundi batyhile iincwadi zabo zeDBE kwiphepha elichanekileyo.
4. Xelela abafundi bajonge isihloko sebali nemifanekiso.
5. Cela abafundi baxelele / baqashele ukuba ibali lingantoni na ngokujonga kwisihloko nemifanekiso.
6. Yalela abafundi bakhangele bachonge amagama akoonotsheluzi kwitekisi.

### ISIFUNDO 2: UKUFUNDA EKUQALENI (FIRST READ)

1. Hlaziya / qhelanisa abafundi namagama ajongwa afundwe.
2. Emva koko, yenza umfuziselo / bonisa abafundi indlela yokufunda itekisi ngokuvakalayo, ngokucacileyo nangokufanelekileyo, ngelixa abafundi belandela ezincwadini zabo.
3. Funda ngesantya esisiso – ungacothi xa ufunda, ungafundi ngelizwi elingathi lelifulayo.
4. Kwibali lonke, phumla xa ufunda ubuze imibuzo ukuqinisekisa ukuba abafundi bayayiqonda itekisi.
5. Ekupheleni kwitekisi, nika abafundi umzuzu wokucinga ngetekisi, uze ubuze imibuzo ngetekisi. Umzekelo: Ingaba ulithandile ibali okanye hayi? Ngoba? Ngubani ofuna ukundixelela?

# CORE METHODOLOGIES

## **ISIFUNDO 3: UKUFUNDA KWESIBINI (SECOND READ)**

1. Funda ibali ngokuvakalayo kwakhona, ngeli xesha unike abafundi ithuba lokuba bafunde nawe. Fundela phezulwana nangesantya esisiso – ungasithobeli abafundi isantya sokufunda.
2. Ekupheleni kwephepha okanye kwecandelo ngalinye, xoxa ngophuhliso lwesigama, ukuqonda okufundiweyo, uphuhliso lwezandi nokwakhiwa kwetekisi (igrama, iimpawu zokubhala, njalo njalo.)
3. Funda itekisi kwakhona – ngeli thuba, cela amaqela awohlukeneyo nabafundi abambalwa bafunde itekisi ngokuvakalayo nawe. Bonke abanye abafundi mabafunde balandele ezincwadini zabo ngeli xesha.

## **ISIFUNDO 4: NGASEMVA KOKUFUNDA (POST-READING)**

1. Kwesi sifundo, yenza umsebenzi owenziwa emva kwesifundo sokufunda.
2. Ungenza isifundo sokuqondisisa ngomlomo (oral comprehension task) – imibuzo ifakelwe kwinkqubo yokufunda.
3. Ungacela abafundi babalise ibali kwakhona kumaqela abo, okanye babalisele abalingane babo.
4. Ungabeka abafundi kumaqela ubacele benze umdlalo wendawo ethile ebalini.
5. Ungabuza eminye imibuzo ekwinqanaba eliphezulu ezakukhokelela engxoxweni. Umzekelo: Ingaba ucinga ukuba kufanelekile ukuthatha into engeyoyethu, Ucinga ukuba ingafaneleka nini into enjalo, ngoba?
6. Ukuba ufuna isifundo esizakwenziwa kuthulwe, cela abafundi bazobe umboniso othile ebalini, bafakele iilebhuli kumfanekiso, okanye babhale isihlokwana somfanekiso / somzobo.

## **JIKELELE / NGOKUBANZI:**

- Qinisekisa rhoqo ukuba ukufunda notitshala ngamava awakhayo kubafundi.
- Bancome xa bezama.
- Vumela abafundi balonwabele ibali.
- Ukwakhiwa kokuzithemba nokukholelwa ngeyona nto ibalulekileyo xa kufundwa.





## READING: GROUP GUIDED READING / UKUFUNDA: UKUFUNDA NGAMAQELA NGONCEDO LUKATITSHALA

### Qaphela:

- Ukufunda ngokwamaqela kuxa abafundi befundela utishala kumaqela amancinci.
- Injongo yokufunda ngokwamaqela kukuvumela utishala ukuba asebenze nabafundi ukuphucula izakhono zabo zokufunda.
- Loo nto ithetha ukuba abafundi mababe kumaqela apho IZINGA LOBUKRELEKRELE LILINYE – abafundi kumaqela mababe nobunzima obufanayo nezakhono ezifanayo.
- Loo nto ithetha ukuthi, ukuba utishala unceda umfundi omnye, uyakube enceda abafundi BONKE.
- Kubalulekile ukuhlaziya indlela owayile ngayo amaqela akho ukuze abafundi bafunde nabafundi abakwinqanaba elifanayo.

### Izixhobo Ezifunekayo:

- Oonotsheluzi bamagama ajongwa abizwe.
- Itekisi yokufunda.
- Imibuzo yomlomo esekelwe kumhlathi.
- Incwadi yakho yokurekhodisha ukuhlola.

### I-Orali:

1. Qinisekisa ukuba abafundi bayazazi ukuba bakweliphi iqela lokufunda – nika iqela ngalinye igama.
2. Bizela iqela kwindawo/ kwikona yokufundela. Le kufuneka ibe yindawo eklasini apho unokukwazi ukuhlala neqela labafundi, ngaxeshanye ubone bonke abafundi apha eklasini.
3. Fundisa abafundi ukuba beze ngokukhawuleza kule kona, kwaye baphathe iincwadi zabo zokusebenzela ze DBE.
4. Hlala kwisangqa kunye neqela elo.
5. Fundisa abafundi amagama ajongwa afundwe.
6. Okulandelayo, xelela abafundi ukuba bajonge isihloko sebali kwakunye nemifanekiso, kwaye baqikelele ukuba ibali lingantoni.
7. Vumela abafundi bazifundele itekisi ngokuthe cwaka.
8. Fundela abafundi itekisi ukhwaze. Mabalandele ke kwiincwadi zabo.
9. Okulandelayo, phula-phula umfundi ngamnye ezifundela itekisi, indawana yetekisi ngaphandle kokuncediswa.
10. Nceda abafundi ngobuchule “bokuhlasela amagama” ngokuthi wenze umfuziselo okanye isikhokelo.

### Umzekelo:

- Ingaba liyavakala kuwe?
- Leliphi igama elinokuvakala ngcono kwesi sivakalisi?
- Jonga kumfanekiso, ucinga ukuba ungantoni?
- Ingalilo elo gama, kodwa jonga isandi sokuqala kwakhona.
- Zama ukubiza izandi zegama elo.

# CORE METHODOLOGIES

- a. Qwalasela igama – linezigaba ezibini. Ingaba uyasibona isigaba sesibini ukuba sithini na? Ewe, bawo. Ngoku biza izandi zesigaba sokuqala...d...a...d...o. Ungalifunda lonke igama? Dadobawo.
  - b. Ingaba uyakhumbula sifunde amagama anesandi u 'ali'? Ingaba uyalibona eli gama ukuba lino 'ali'? Ngoku jonga ilungu lokuqala. 'im-'. Biza izandi zegama lonke. i...m...a...l...i...imali.
11. Njengokuba abafundi befunda, gxininisa kwizakhono zabo nobunono. Bancedise ukuphimisela amagama ngendlela eyiyo, ukukhumbula ukujonga nokubiza amagama, bephucula ukufunda kwabo gabalala.
  12. Buza umfundi ngamnye umbuzo okhawulezileyo ukujonga ukuba uyaliva na ibali.
  13. Bancome abafundi ngemizamo yabo ukukhulisa ukuzithemba.
  14. Phawula kuhlolo olungekho sesikweni ngenkqubela yomfundi ngamnye kwincwadi yakho yokurekhodisha.
  15. Xa bonke abafundi sele befundile ngabanye, baxebele ukuba bafunde isifundo kwakhona. Mabakwenze oku ngokuthi bafunde itekisi yonke kwakhona kuthe cwaka.
  16. Buza abafundi ke ngoku imibuzo yokuqonda esesikweni nemibuzo yengxoxo ukwakha isigama, igrama nokuqonda okuphangaleleyo lwetekisi.
  17. Khumbula: Ukuyiqonda into oyifundayo kubalulekile!



## READING: PAIRED AND INDEPENDENT READING / UKUFUNDA: UKUFUNDA NGABABINI NANGABANYE

1. Ukufunda ngababini nangabanye kungenziwa naninina, xa abafundi begqibile ukwenza umsebenzi wabo, okanye xa unemizuzu onokuyisebenzisa.
2. Kwaye, fundisa abafundi bafunde ngababini nangabanye xa uphulaphule ukufunda kwamaqela. Xa abafundi begqibile ngomsebenzi obhalwayo, mabaqeqeshwe baqhele ukulanda incwadi baze bazifundele ngokuthe cwaka okanye bafunde nomlingane.
3. Le ncwadi ingayincwadi efundwa ngamaqela, incwadi yokusebenzela yeDBE, okanye nayiphi na incwadi 'eyonwabisayo' efumanekayo nenokufundwa ngabafundi.
4. Zama ukukhetha iincwadi ezifanele abafundi uzibeke kwindawo enye, uze uqeqeshe abafundi bahambe bakhethe incwadi ngokuthe cwaka. Kwaye khumbula ukubaqeqesha ukubuyisa incwadi ekupheleni kwexesha lokufunda.
5. Fundisa abafundi ngobuchule bokusebenzisa iminwe emihlanu xa befuna uncedo ngokufunda ngababini okanye bodwa:
  - Ubhontsi: lishiye igama usifunde sonke isivakalisi.
  - Umnwe wokuqala: jonga emfanekisweni.
  - Umnwe wesibini: jonga igama ubone uba akho na amalungu owaziyo egameni.
  - Umnwe wesithathu: funda izandi ozaziyo zegama elo.
  - Umnwe wesine: Cela uncedo lokufunda igama okanye ukwazi intsingiselo yalo.



## READING: READ-ALOUDS /

### UKUFUNDA: UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO KUKATITSHALA

1. Alikho ixesha elisesikweni lokufunda ngokuvakalayo.
2. Zama ukufumana ixesha lokufundela abafundi ngokuvakalayo ngexesha lokufundisa. Oku kungenziwa phambi kwexesha lokudlala okanye ekupheleni kwemini. Kungenziwa oku xa abafundi bezoba umfanekiso okanye befakela imibala.
3. Khetha incwadi abafundi abazokuyonwabela, enabalinganiswa abanika umdla, enebali elimnandi okanye elihlekisayo.
4. Hlalisa abafundi ngocwangco phambi kokuba ufunde, baqeqeshe baphulaphule ngokuthe cwaka xa kufundwa.
5. Funda ngelizwi elicacileyo nelivakalisa uvakalelo.
6. Bonisa abafundi imifanekiso xa ufunda. Qinisekisa ukuba bonke abafundi bayayibona imifanekiso.
7. Ngelixa ufunda, buza imibuzo ukhangele ukuba abafundi bayakuqonda okufundwayo na. Khumbula ukubuza imibuzo ngokwamanqanaba awohlukeneyo.
8. Ekupheleni kwecandelo okanye kwephepha, yila ingxoxo yokwakha isigama, ukuqonda, uphuhliso lwezandi, igrama nobuchule bokusetyenziswa kweempawu zokubhala.
9. Ukuba ufunda ibali elide, ungalivumeli ixesha elide lidlule phakathi kwamacandelo afundwayo. Akufuni abafundi balibale umxholo webali.
10. Sebenzisa ezi zifundo ukuzama ukwakha uthando lwamabali nokufunda kubafundi.



## LISTENING & SPEAKING LESSONS / IZIFUNDO ZOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ixesha lezifundo Zokuphulaphula Nokuthetha litshintshiwe. Ngoku uzakulandela la maxesha angezantsi ukufundisa ezi zifundo.

Lwesine: Imizuzu engama 30

Lwesihlanu: Imizuzu eli 15

Uzakuqhubeka usenza ezi zifundo njalo kwiiveki ezimbini (2 week cycle). Sebenzisa eli xesha lingezantsi.

Iveki 1 NgoLwesine	Imizuzu emi 5	Umsebenzi Wepowusta
	Imizuzu eli 10	Igalelo likatitshala – cacisela abafundi ngomsebenzi wohlolo.
	Imizuzu eli 15	Phulaphula abafundi begqibezela umsebenzi wohlolo.
Iveki 1 NgoLwesihlanu	Imizuzu emi 5	Umbongo / Ingoma / Umdlalo
	Imizuzu eli 10	Phulaphula abafundi begqibezela umsebenzi wohlolo.
Iveki 2 NgoLwesine	Imizuzu emi 5	Umsebenzi Wepowusta
	Imizuzu engama 25	Phulaphula abafundi begqibezela umsebenzi wohlolo.
Iveki 2 NgoLwesihlanu	Imizuzu emi 5	Umbongo / Ingoma / Umdlalo
	Imizuzu eli 10	Phulaphula abafundi begqibezela umsebenzi wohlolo.

Unemizuzu engama 60 yokuphulaphula kubo bonke abafundi begqibezela umsebenzi wohlolo.

Zama ukusebenzisa ubuchule (creative) uphulaphule abafundi abangaphezu komnye ngexesha xa ukwazi.

Kwaye, sebenzisa naliphi na ixesha elikhoyo, uphulaphule abafundi abambalwa xa abafundi besebenza bebodwa (independently).



## LISTENING & SPEAKING: POSTERS / UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA: IIPOWUSTA

### Qaphela:

- Uzakwenza umsebenzi kwipowusta imizuzu elishumi ngoLwesine.
- Kwiveki enye, uzakuba neengxoxo ngepowusta.
- Kwiveki elandelayo, uzakufundisa abafundi amagama amatsha akwipowusta.

### Izixhobo Ezifunekayo:

- Ipowusta esiyinikiweyo.
- Uludwe lwemibuzo yengxoxo / amagama asetyenziswayo/ imiyalelo.

### Amalungiselelo Emisebenzi Yonke Yeepowusta:

1. Lungisa ikhosi ukuze bonke abafundi babenako ukuyibona ipowusta.
2. Yibeke ngononophelo ipowusta endaweni ebonakalayo.
3. Biza abafundi ukuba bahlale ngocwangco emethini. Cula ingoma okanye udlale umdlalo wenzele ukuba abafundi baye ngokukhawuleza emethini.

### Ingxoxo ngePowusta:

1. Xelela abafundi ukuba bajonge ipowusta ngononophelo.
2. Bacacisele ukuba xa ubuza umbuzo, ukuba bayawuphendula, mabaphakamise isandla.
3. Buza imibuzo wakugqiba uvumele abafundi abohlukeneyo baphendule.
4. Phendula imibuzo yabafundi. Ukuba baphendule into eyiyo, bakhuthaze ubancome. Ukuba basondele kwimpendulo eyiyo, baxelele, kwaye ubuze kwakho omnye umbuzo. Ukuba baphendule into eyiyo, baxelele impendulo wakugqiba ubabulele ngokuzama. Buza omnye umfundi.
5. Buza imibuzo ngqo. Loo nto ithetha ukuba uyakubiza abafundi abathile ukuba baphendule imibuzo.
6. Banike imibuzo, le mibuzo yicacacele abafundi bonke abaseklasini – buza abafundi abohlukahlukeneyo.
7. Kwimibuzo embaxa, xelela abafundi ukuba basebenze ngababini. Buza imibuzo ze uxelele abafundi ukuba mabayixoxe impendulo noogxa babo.
8. Ngoku, hlalisa abafundi ze ubuze omnye okanye ababini abafundi baxoxe ngeempendulo zabo nekhosi.
9. Qiniseka ukuba uzabaxelele ngemibuzo embaxa, ayinampendulo eyiyo. Abafundi mabazame ukunika isizathu sempendulo abayinikayo.

### Isigama sePowusta:

1. Yiba noluhlu lwamagama akwipowusta.
2. Xelela abafundi ukuba bajonge ipowusta ngononophelo.
3. Xelela abafundi ukuba uzakubiza igama, ke ufuna umfundi abe

# CORE METHODOLOGIES

- mnye akhombe elo gama kwipowusta.
4. Biza igama lokuqala ube sele uvumela umfundi omnye okanye ababini bakhombe igama kwipowusta
  5. Okulandelayo, buza abafundi ukuba bangakwazi na ukulicacisa igama. Vumela umfundi omnye okanye ababini baphendule.
  6. Okokugqibela, xelela abafundi ukuba basebenze ngababini basebenzise igama kwisivakalisi. Bayeke baxoxe okwexeshana, cela isibini esinye okanye ezibini zabelane ngezivakalisi.
  7. Bonisa abafundi ukuba libhalwa njani igama ngokuthi ulibhale ebhodini.
  8. Qhuba wenze njalo nangamanye amagama akuluhlu lwakho.



## **LISTENING & SPEAKING: GAMES, SONGS, RHYMES / UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA: IMIDLALO, IINGOMA, IMIBONGO**

### **Qaphela:**

- Uzakwenza umdlalo/ingoma/umbongo imizuzu elishumi kwisifundo sangoLwesihlanu.

### **Izixhobo Ezifunekayo:**

- Umdlalo, ingoma okanye umbongo okhethiweyo.

### **Ukuzilungiselela:**

- Hlalisa abafundi ngocwangco kwiidesika zabo okanye kwindawo evulekileyo, kuya ngokomsebenzi ozakuwenza.

### **IINGOMA /IMIBONGO**

- Fundisa abafundi ukucula iingoma okanye ukucengceleza imibongo.
- Zama ukukhetha iingoma nemibongo eneentshukumo. Khuthaza bonke abafundi bathathe inxaxheba kwaye benze neentshukumo.
- Khuthaza abafundi bonwabele isingqisho nolwimi lweengoma nemibongo, khankanya izandi eziphindwayo, izingqisho ezicothayo nezinamendu, nantoni na eyonwabisayo kwingoma nombongo lowo.
- Ubuchule obububo kukufundisa abafundi iingoma namabali aqhelekileyo kwizinto ezenziwa rhoqo eklasini. Umzekelo, 'Le yindlela yokuvala iincwadi , yokuvala iincwadi, yokuvala iincwadi. Le yindlela yokuvala iincwadi, xa sigqibile ngomsebenzi.'

### **IMIDLALO**

1. Dlala umdlalo nabafundi okhuthaza ukukhula nokuthethwa kolwimi ngokonwaba.
2. Cacisela abafundi ngemithetho yemidlalo ukuze abafundi bakwazi okulindelekileyo kubo.
3. Ungadlala umdlalo wolwimi lwakho, okanye omnye wale ilandelayo imidlalo:

### **USimon uthi:**

- Abafundi bakopa okwenziwa ngutitshala xa esithi 'USimon uthi yenza lento' enze emlinganisa.
- Abafundi abamlinganisi utitshala xa esithi 'Yenza oku' ze angakwenzi.
- Ukuba umfundi uyawushukumisa umzimba xa utitshala esithi 'Yenza Oku', umfundi uyakukhutshwa emdlalweni.

### **Ndiye evenkileni ndathenga...**

- Lungisa abantwana kwizangqa ezili 10.
- Yonyula inkokheli yeqela – umfundi okwaziyo ukugcina imiyalelo nonezakhono zokukhokela.
- Khumbuza abafundi ngezinto zonke abazibonileyo kwipowusta.



Baxebele ukuba bazakudlala umdlalo wokuya kuthenga ngokwakule powusta.

- Inkokheli yeqela makathi uthenge into nokuba inye. Umzekelo: 'Ndiye evenkileni ndathenga intyatyambo.'
- Umntu osecaleni kwenkokheli makathi uthenge izinto ezimbini. Umzekelo: 'Ndiye evenkileni ndathenga intyatyambo kunye nethanga.'
- Umntu olandelayo makathi uthenge izinto ezintathu. Umzekelo: 'Ndiye evenkileni ndathenga intyatyambo, ithanga, kunye nomnqwazi.'
- Ukuba omnye weqela ulibele into ethengwayo, makaphume emdlalweni.
- Qhubani de kushiyeke umfundi abe mnye. Lo ngophumeleleyo.

### **Imibuzo engamashumi amabini**

Dlala lo mdlalo neklasi yonke. Utishala makawulawule umdlalo.

- Yenza umfundi omnye 'umcingi'. Umcingi ucinga ngomntu, indawo okanye into ephathekayo (eyaziwayo nguwonke wonke).
- Abanye abafundi mababuze imibuzo kwaye bazame ukuqashisela ukuba yintoni ephethweyo, umcingi angaphendula kuphela ngokuthi 'ewe' okanye 'hayi'.
- Abafundi abaqashelayo mabazame babize umntu, indawo okanye into leyo kanga ngamashumi amabini.
- Umfundi oqashele ngendlela eyiyo uba ngumcingi olandelayo.



## LISTENING & SPEAKING: ASSESSMENT ACTIVITIES / IMISEBENZI YOKUHLOLA UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

### Qaphela:

- Njalo kwiiveki ezimbini uzakwenza umsebenzi wokuhlola kunye nabafundi bakho.
  - Loo nto ithetha ukuba unezifundo ezi 4 zokuphulaphula umfundi ngamnye eklasini xa esenza umsebenzi.
  - Nangona isifundo ngasinye sinomahluko, kukho izinto ekufuneka uziqhelanise nazo kwaye uzilandele. Nalu uluhlu ngezantsi :
1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
  2. Xelela abafundi ukuba uzakwenza ntoni kwesi sifundo. Umz. Namhlanje, sizakuthetha ngento eyenzeke kuthi.
  3. Qala ngokwenzela abafundi umfuziselo, njengokuba usenza kwizifundo zokubhala.

### Yithi:

- Hmm, ndingathetha ngantoni? (Vala amehlo akho wenze ngathi uyacinga.)
  - Ndiyazi! Ndizakuxelela ngotyelelo lwam ezivenkileni ngoMgqibelo.
  - Ndizakuxelela ukuba kwenzeka ntoni kuqala, yintoni elandelayo eyenzekileyo ekugqibeleni.
  - Okokuqala, ndiye ndakhwela iteksi ndaya esixekweni nomama wam ngentsasa yangoMgqibelo.
  - Okulandelayo, besiyi kwivenkile yezihlangu ndaze ndazithengela izihlangu ezintsha. Zizihlangu ezimhlophe ze Adidas, kwaye ndiyazithanda!
  - Okokugqibela, umama wam usithengele isiselo seCoke kunye nepayi. Sihleli epakini satya isidlo sethu sasemini.
4. Okulandelayo, cacisela abafundi ukuba ungantoni umsebenzi.

### Yithi:

- Ngoku cinga ngamava omntu.
  - Xela izinto zibentathu.
  - Ndixelele ukuba kwenzeka ntoni kuqala.
  - Ndixelele ukuba kwaze kwenzeka ntoni emva koko.
  - Ndixelele ukuba kwenzeka ntoni ekugqibeleni.
5. Kengoku, nika abafundi indlela engabanceda babe nesakhono sokuthetha.

### Umzekelo:

- Zama ukuma ungagungqi xa uthetha nam.
- Zazi ukuba uzakuthini – zama ungathi ‘ummm’ okanye ‘aaahh’.
- Thetha ngelizwi eliqabavu, ukhwaze.

6. Ekugqibeleni, xelela abafundi xa bezakuthetha nawe.

**Umzekelo:**

- Ndifuna nonke ukuba nibuyele kwiitafle zenu niqhubeke nomsebenzi wenu wokubhala.
- Ke ngoku, ndizakunibiza nize etafileni yam, ngabanye ngabanye.
- Umfundi ngamnye uzakufumana elakhe ithuba lokuba aze kundixelela ngawakhe amava.
- Nceda ukhumbule ukusebenza ngokuthe cwaka.

Yenza ukuba ibe ngamava ayimpumelelo kubafundi. Bancome ngokuzama. Yakha ukuzithemba kubo ngokuthi ubabonise ukuba into abayithethayo ibalulekile.

# WRITING STRATEGIES



## TEACHERS MODEL WRITING FIRST / OOTITSHALA BENZA UMFUZISELO WOKUBHALA KUQALA

1. Utitshala ufanele ukubonisa abafundi indlela yokwenza umsebenzi / amanyathelo alandelwayo kuqala- ufanele ukwenza yonke into efanele ukwenziwa ngumfundi.
2. Emva kokuba utitshala ebonisile okufanele kwenziwe, abafundi bazakuba nomfanekiso ngqondweni ocace gca.
3. Utitshala kufanele axele ubuchule bokubhala obusetyenzisiweyo ukuzoba lomfanekiso ngqondweni walo msebenzi kubafundi.



## WRITERS THINK BEFORE THEY WRITE / ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE

1. Ukubhala linyathelo / sisenzo sokubeka iingcinga ephepheni.
2. Loo nto ithetha ukuba ababhali kufuneka bacinge kuqala ze bathathe isigqibo ngento ababhala ngayo phambi kokubeka imibono ephepheni.
3. Ikwathetha ukuba akukho zimpendulo zizizo nezingezizo xa kubhalwa – umbhali ngamnye ufanele ukuba neengcinga zakhe azakubhala ngazo.



## WRITERS WRITE WHAT THEY KNOW / ABABHALI BABHALA NGENTO ABAYAZIYO

1. Ababhali mabakhuthazwe babhale ngobomi babo namava abo, kuba oku kubanceda babhale imibhalo yenene neyiyiyo.
2. Kufuneka sibafundise ukuba ubomi babo bubalulekile kwaye kulixabiso ukubhala ngabo.

# WRITING STRATEGIES



## WRITERS ZOOM IN TO SMALLER MOMENTS / ABABHALI BANGQALA KUMZUZWANA OMNYE OMNCINANE

1. Ababhali mabakhuthazwe bangabhali amabali antsokothileyo.
2. Loo nto ithetha ukuba mabakhuthazwe bachonge owona mzuzwana abazakubhala bagxininise kuwo baze babhale ngokuthe gabalala.
3. Oku kubenzela lula ababhali futhi ke kukhokelela ekubhaleni ngempumelelo.



## WRITERS PLAN BEFORE THEY WRITE / ABABHALI BAYAYICEBA / BAYAYIYILA IMIBHALO YABO PHAMBI KOKUBA BABHALE

1. Yonke imibhalo eyiyiyo yeyiliweyo kuqala
2. Xa benzelwe UMFUZISELO wento yonke abafundi, lixesha lokuba baziqalele inkqubo yokubhala.
3. Iindlela zokuyila eziqatha kunga kukubhala uluhlu / uludwe lwamagama, ukwenza umfanekiso ngqondweni / imephu yengqondo, ukuphendula imibuzo okanye ukuyila uluhlu lwamanyathelo.



## WRITERS DRAW A LINE FOR EACH WORD / ABABHALI BAKRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE

1. Ababhali mababale inani lamagama akwisivakalisi, baze bakrwele umgca omele igama ngalinye.
2. Imigca mayikrwelwe ukusuka ngasekhohlo ukuya ngasekunene besuka nangasentla ukuya ezantsi.
3. Imigca mayibe nobude obulingana nobude begama ngalinye.
4. Izithuba mazishiywe phakathi kwamagama.
5. Ekupheleni kwesivakalisi umbhali makafakele isingxi.

# WRITING STRATEGIES



## WRITERS USE RESOURCES TO WRITE WORDS / ABABHALI BASEBENZISA IZIXHOBO ZOKUBHALA AMAGAMA

1. Ababhali mabafundiswe ukuba bangawabuzi kutitshala onke amagama abangawaziyo.
2. Kufuneka basebenzise ezinye izixhobo abanazo, ezinje: ngamagama akwibhokisi yamagama, amagama aseludongeni, izichazi magama, ezinye iincwadi, uluhlu lwamagama opelo, kwakunye noogxa babo eklasini.



## WRITERS SAY WORDS SLOWLY LIKE A TORTOISE / ABABHALI BABIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGFUDO

1. Fundisa ababhali babize igama abangalaziyo ngokucottha, bazame ukuchonga izandi ezahlukeneyo ezakha igama elo.
2. Xa besiva isandi, kufuneka basibhale.
3. Bangangalipeli igama ngokuchanekileyo, kodwa eli lizakuba linqanaba lokuqala lokubhala izandi ezingaziwayo.
4. Umzekelo u ama angabhalwa njengo am okanye m. Utitshala angongeza apha abonise umbhali upelo oluchanekileyo.



## WRITERS ADD DETAILS / ABABHALI BAFAKELA IINKCUKACHA

1. Kumaxesha awohlukeneyo ebalini, abafundi mabakhangele ingaba kufanelekile na ukuba bafakele iinkcukacha.
2. Iinkcukacha zenza imibhalo inike umdla.
3. Ezi nkcukacha ingaziinkcukacha ezichazayo, ezinje ngezichazi okanye izibaluli.
4. Ababhali abancinane bangafakela iinkcukacha kwimizobo yabo.



## WRITERS READ WHAT THEY WRITE / ABABHALI BAYAYIFUNDA IMIBHALO YABO

1. Fundisa abafundi bafunde imibhalo yabo ngokuvakalayo.
2. Xa besenza oku, kufuneka bakhangele ukuba akukho magama ashiyiweyo na.
3. Kufuneka bazame ukufumanisa ukuba amagama alandelelana ngokuchanekileyo kwisivakalisi.
4. Abafundi bangazifundela ngokuvakalayo okanye bafundele umlingane / ugxa wabo.
5. Ukuba nababukeli (oogxa babo eklasini) xa bebhala kunika imibhalo yabo intsingiselo ecacileyo.



## WRITERS SELF-EDIT / ABABHALI BAYAZIHLA

1. Ababhali kufuneka basebenzise imiqathango netshekhlisti abayinikiweyo xa behlela imibhalo yabo.
2. Itshekhlisti mayicaciswe gca kubabhali.
3. Ababhali mabafundiswe indlela yokulungisa iimpazamo abazifumanayo.



## WRITERS PEER EDIT / ABABHALI BAHLELA OOGXA / ABALINGANE BABO

1. Ababhali mabatshintshisane ngomsebenzi wabo nabalingane / oogxa babo, baze bahlele imisebenzi yoogxa babo besebenzisa itshekhlisti abayinikiweyo.
2. Qala ngokucacisa itshekhlisti gca.
3. Emva koko, cacisa indlela abalingane / oogxa abazakulungisa ngayo iimpazamo abazifumanayo.
4. Abalingane mabajonge yonke imiqathango ekwitshekhlisti.

# WRITING STRATEGIES



## WRITERS REWRITE THE FINAL TEXT / ABABHALI BABHALA ITEKISI YOKUGQIBELA KWAKHONA

1. Emva kokuba umbhali ehlele waze wahlaziya itekisi, kufuneka ibhalwe kwakhona cocekileyo ukuze iboniswe.
2. Kufuneka sifundise abafundi bazingce ngemisebenzi yabo, baze bayibhale ngocoselelo kwakhona.



## TEACHERS AND WRITERS ENCOURAGE WRITERS / OOTITSHALA NABABHALI BAYABAKHUTHAZA ABANYE ABABHALI

1. Eyona nto ibalulekileyo xa ungumbhali onempumelelo kukwakha ukuzithemba ekubhaleni kwakho.
2. Ootitshala abavunyelwa kwaphela ukuba baphoxe ababhali.
3. Ababhali bafanele ukufundiswa ukuxhasa nokukhuthaza abalingane babo – kufuneka kubekho ukuthembana kwiklasi ekubhalwa kuyo.



## WRITERS TURN AND TALK / ABABHALI BAYAJIKA BAZE BATHETHE

1. Ababhali kufuneka ukuba bajike bajonge umlingane / ugxa wabo baze bathethe ngento abasebenza ngayo xa benika ingxelo.
2. Ababhali mabafundiswe ukutshintshisana baze baqale ukunika ingxelo ekhuthazayo.
3. Ungacela abafundi bakhangele into ethile nomlingane, umzekelo: xelela umlingane wakho ngento ozakubhala ngayo.





## THUMBS UP, THUMBS DOWN / IMINWE PHEZULU, IMINWE PHANTSI

1. Nanini na, utitshala angayalela ababhali okanye oogxa babo ukuba bakhangele isakhono esithile kwimibhalo yabo.
2. Ukuba sifumanekile, umbhali / umlingane uzakubonisa “oobhontsi phezulu”.
3. Ukuba asifumanekanga, umbhali / umlingane uzakubonisa “oobhontsi phantsi”.
4. Utitshala angasebenzisa eli cebo / isicwangciso ukukhangela nokubona ukuba ngubani na ofuna uncedo.




## HOLD MINI CONFERENCES / YENZA UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE

1. Utitshala uhamba aye kwiqela labafundi enze udliwano ndlebe kunye nabo akhangele into abayenzileyo, abenegalelo kuloo msebenzi wenziweyo.
2. Bonke abafundi kwiqela elo bayaphulaphula babenegalelo.
3. Abafundi bafunda ukumamelana, baze bathi ngokuphulaphula kutitshala banike ingxelo kwabanye.



## WRITERS USE THEIR MEMORIES TO WRITE WORDS / ABAFUNDI BASEBENZISA IINKUMBULO ZABO UKUBHALA AMAGAMA

1. Ababhali bafanele ukufundiswa ukuba bangaceli kutitshala ukubhalelwa onke amagama abangawaziyo.
2. Abafundi mabafundiswe ukuzama ukukhumbula amagama abawafundisiweyo, baze babhale lamagama besebenzisa iinkumbulo zabo (memory).



It does not matter how slow you go. As long as you do not stop.



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

New sound  
Spelling words

Sound **dl**

10 min

## Phonic Words

idlelo isidlo ukudlala dlala dlamka



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **1**

15 min



## Handwriting

Handwriting  
practice

Letter **dl**

30 min

## Handwriting Words

uDlomo uDlambulo uDlezinye dlala

## Handwriting Pattern:

*dl dl dl dl*

## Handwriting Sentence:

Dlalani ibhola noDlambulo kwakunye noDlomo.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **2**

15 min



## Shared Reading

Pre-read

15 min

## Look And Say Words

nomsu etsiba akamhoyanga kutshayiswa emcenga  
esixekweni



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

DBE workbook

Sound **dl**

10 min

Incwadi Yokusebenzela Yoku-1  
YeDBE.

Amaphepha 23,59,65



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **3**

15 min



## Writing

30 min

linjongo

### Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukunikela ngezimvo namagama xa bebhala beyiklasi notitshala.
- Ukuphulaphula izimvo zabanye abafundi

### Izixhobo Ezifunekayo:

Ipowusta: Uhambo Ngebhasi  
Itshati yebali

### Ukuzilungiselela:

1. Xhoma ipowusta apho izakubonwa ngabo bonke abafundi.
2. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
3. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto kwiidesika zabo.

### Umfuziselo:

1. Xelela abafundi: Namhlanje sizakuphulaphula size siyile ibali ngepowusta.
2. Chazela abafundi ukuba namhlanje, iklasi izakubhala UMHLATHI.
3. Cacisa ukuba UMHLATHI liqela lezivakalisi ezinoluvo olunye.
4. Cacisela abafundi ukuba UMHLATHI uqala ngeSIVAKALISI ESIYINTLOKO. Isivakalisi esiyintloko sisazisa ukuba umhlathi uthetha ngantoni na.
5. Chaza ukuba UMHLATHI unesiqu. Isiqu zizo zonke izivakalisi ezixhasa isivakalisi esiyintloko.
6. UMHLATHI uqosheliswa SISIVAKALISI

ESIQOSHELISAYO. Esi sivakalisi siqoshelisayo sishwankathela umhlathi wonke.

## Imiyalelo ye-Orali:

1. Xelesa abafundi: Sizakuyila ibali xa sisonke malunga nento eyenzeka kwipowusta.
2. Cacisa ukuba namhlanje, uzakubhala UMHLATHI opheleleyo onezivakalisi ezihlanu.
3. Khumbuza abafundi ukuba kufuneka baphakamise izandla xa befuna ukuthetha.
4. Cacisela abafundi ukuba uzakubhala ISIVAKALISI ESIYINTLOKO. Cacisa ukuba isivakalisi esiyintloko sazisa kwaye sichaza ukuba umhlathi ungantoni na.
5. Khumbuza abafundi ukuba umhlathi namhlanje uzakuba ngento eyenzeka kwipowusta.
6. Buza abafundi: Singacacisa njani ukuba lo mhlathi uthetha ngantoni?
7. Phulaphula kwiimpendulo zabafundi.
8. Khethani ISIVAKALISI ESIYINTLOKO, nabafundi. Umzekelo: Ngelixa ikhosi kaNkomo. Moeng yayithatha uhambo benza izinto ezininzi ezonwabisayo.
9. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
10. Sebenzisa UMFUZISELO xa ubonisa indlela ocinga ngayo kwisigaba ngasinye sesivakalisi.
11. Cacisela abafundi ukuba okulandelayo, ISIBONISA somhlathi sizakuxhasa isivakalisi esiyintloko.
12. Cela abafundi ukuba bacinge ngezinto ezinika umdla ezenzeka kwipowusta.
13. Vumela abafundi abohlukeneyo babenegalelo ngezimvo zabo.
14. Thatha isigqibo ngezivakalisi ezithathu zesiqu somhlathi. Umzekelo: Ekuqaleni, ikhosi ihambele ibala elikhulu yaba nepikiniki. Emva koko, ikhosi iye elunxwemeni lolwandle yabona ulwandle. Ekugqibeleni, ikhosi ihambele ingxangxasi enkulu. Biza isivakalisi ngokuvakalayo.
15. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
16. Sebenzisa UMFUZISELO xa ubonisa abafundi indlela yokucinga ngesigaba ngasinye lesivakalisi.
17. Funda izivakalisi ngokuvakalayo.
18. Cacisa ukuba ISIVAKALISI ESIQOSHELISAYO siqoshelisa umhlathi.
19. Bacacisele ukuba ISIVAKALISI ESIQOSHELISAYO sixhasa umhlathi wonke.
20. Buza abafundi: Singazishwankathela njani izivakalisi esizibhalileyo?
21. Vumela abafundi abohlukeneyo babenegalelo.
22. Thatha isigqibo ngesivakalisi esiqoshelisayo. Umzekelo: "Abafundi bekhosi bakonwabele ukwenza izinto ezininzi nezintsha!" Biza isivakalisi

- ngokuvakalayo.
23. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
  24. Sebenzisa UMFUZISELO xa ubonisa abafundi indlela yokucinga ngesigaba ngasinye sezivakalisi.
  25. Xa ugqibile, fundani umhlathi wonke xa ninonke.
  26. Khumbuza abafundi ukuba ABABHALI BAYAYIFUNDA IMIBHALO YABO.
  27. Ncoma abafundi ngokuba beyile ibali.
  28. Bacacisele ukuba bazakuqala ukusebenzisa IMIHLATHI xa bebhala.
  29. Beka ibali eligqityiweyo kwikona yokufunda.

### Ukumaka:

1. Sebenzisa irubhriki elandelayo xa uhlola umfundi ngamnye.
2. Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
3. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngesakhono sokubhala somfundi.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi	Usebenza ngokwanelisayo	Usebenza ngokugqwesileyo
Qwalasela umamele utitshala:	Umfundi Akammameli kwaye akaqwalaseli into ethethwa ngutitshala.	1 Umfundi uyazama ukumamela aqwalasele kutitshala.	2 Umfundi uqwalasela amamele utitshala kuso sonke isifundo.
Umsebenzi: Ukuba negalelo ngezimvo zebali.	Umfundi akathabathi nxaxheba kwisihloko seballi.	1 Umfundi uyazama ukuthabatha inxaxheba ngokunikela ngezimvo zakhe. Iingcinga ayizozakhe kwaye azifanelekanga.	3 Umfundi uthabatha inxaxheba kwisifundo kwaye unikela ngezimvo zakhe. Izimvo zezakhe kwaye zifanelekile.
Izakhono zokuphulaphula:	Umfundi uyangxola okanye uphazamisa abanye abafundi xa bethetha.	0 Umfundi uyangxola ngamanye amaxesha okanye uphazamisa abanye abafundi xa bethetha.	1 Umfundi uthule ixesha elininzi, uphulaphula ngenyameko kwaye akagungqi tu xa abanye abafundi bethetha.

## Example

Xa iklasi kaNkskz. Moeng  
ithathe uhambo, benze izinto  
ezininzi ezonebiso. Ekugqaleni,  
iklasi ihambe yaya kwibala  
elikhulu yaba nepikiniki. Emva  
koko, ihambe yaya elunxwemeni  
yabona ulwandle. Okokugqibela,  
iklasi ihambe yaya  
kwingxangxasi enkulu. Abafundi  
abaseklasini bakonwabele  
kakhulu ukwenza izinto ezininzi  
ezahlukene.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 4

15 min



## Shared Reading

First read

15 min

DBE Workbook 1  
Title: Siqhuba esixekweni  
Page 78-79





## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

New sound

Sound **ny**

10 min

## Phonic Words

inyama inyosi inyani inye inyoka



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **5**

15 min



## Handwriting

Handwriting  
practice

Letter **Ny**

15 min

## Handwriting Words

uNyaniso uNyameka

## Handwriting Pattern:

*NY NY NY NY*

## Handwriting Sentence:

UNyaniso udlala noNyameka.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **6**

15 min



## Shared Reading

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Siqhuba esixekweni

Page 78-79



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

Own choice

Sound **ny**

10 min



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **7**

15 min



## Writing

15 min

### Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukubhala umhlathi ngamava abo okanye iziganeko.
- Ukusebenzisa ixesha langoku neladlulayo ngokuchanekileyo.
- Ukusebenzisa inkqubo elandelwayo yokubhala.

### Izixhobo Ezifunekayo

Ibali elibhalwe nabafundi ngoLwesibini  
Iincwadi neepensile zabafundi

### Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika.

### Imiyalelo ye-Orali:

1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, bazakuphulaphula kumhlathi obhalwe yiklasi ngoLwesibini.
2. Khumbuza abafundi ukuba umhlathi uqala ngeSIVAKALISI ESIYINTLOKO, kuze kulandele IZIVAKALISI ZESISQU kugqityezelwe ngeSIVAKALISI ESIQOSHELISAYO.
3. Abafundi mabaphulaphule ngenyameko kwibali.
4. Fundela iklasi ibali enilibhalileyo niyiklasi ngokuvakalayo.

### Umzekelo:

1. Chazela abafundi ukuba kwiiveki ezimbini ezilandelayo, baza kubhala imihlathi yabo malunga neemeko ezimaxongo.
2. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakubhala ISIVAKALISI ESIYINTLOKO SABO. Esi sivakalisi sizakucacisa inxalenye yomhlathi wabo.
3. Yithi: Kufuneka ndicinge ngento endizakubhala ngayo kumhlathi wam wonke, kuba ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE.
4. Yithi: Ndiyayazi! Ndizakubhala ngexesha apho kophuka umlenze wam.
5. Cacisa ukuba abafundi bafanele ukusebenzisa IXESHA ELADLULAYO kuba baza kubhala ngento esele yenzekile kubo.
6. Yithi: Kufuneka ndicinge ngesivakalisi sam esiyintloko. Ndiyayazi ukuba umhlathi wam uzakuthetha ngendlela owophuka ngayo umlenze wam. Isivakalisi sam esiyintloko sizakuthi: Xa ndandineminyaka emine, umlenze wam wophuka.
7. Esi sivakalisi sicacisa indlela umhlathi wam ozakukhangeleka ngayo.
8. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
9. Sebenzisa UMFUSIZELO ukubonisa abafundi indlela yokubhala isivakalisi.

### **Imiyalelo Ye-Orali:**

1. Khumbuza abafundi ukuba bazakukhetha imeko emaxongo eyenzekileyo baze babhale ngayo.
2. Xelela abafundi bacinge ngento abazakubhala ngayo, kuba ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE.
3. Cela amavolontiya ama 2-3 babelane ngento abazakubhala ngayo.

### **Ukubhala:**

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Yalela abafundi baqale ukubhala kwiphepha elitsha.
3. Ngelixa abafundi bebhala, hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.

Example

Xa ndandineminyaka  
emine, umlenze wam  
wophuka.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 8

15 min



## Listening and Speaking

Poster discussion

UHAMBO NGEBHASI

5 min

### Assessment activity

25 min

## Poster Discussion

1. Unjani umbala webhasi? (Umthubi.)
2. Ingaba ucinga ukuba abantwana bathathe uhambo ngebhasi usuku olunye okanye iintsuku ezininzi? Kutheni ucinga njalo nje? Isikhokelo – jonga kumfanekiso ongezantsi kwikona yasekunene. (Iintsuku zininzi – baphethe iibhegi neesuthikeyisi.)
3. Ngeyiphi indawo etyelelwe ngabantwana ocinga ukuba ngeyona intle kakhulu? Isikhokelo – jonga imifanekiso eyohlukeneyo. (Nayiphi na impendulo echanekileyo – elunxwemeni lolwandle; efama; ummandla ogcina izilwanyana zasendle nendalo.)
4. Ingaba abafundi bahambe neempahla zabo zesikolo kolu hambo? Kutheni ucinga njalo nje? (Hayi, awukho umfanekiso apho banxibe iyunifomu khona.)
5. Ungakunqwenela ukuthabatha uhambo lwesikolo? Ngoba? Ucinga ukuba lunganjani? (Nayiphi na impendulo echanekileyo.)

### UMSEBENZI WOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA:

Ukuphulaphula ngolonwabo amabali ixesha elide. Ukubonakalisa iimvakalelo ngebali banike izizathu ngeempendulo.

### Iinjongo:

Ekupheleni kwesi sifundo, abafundi bafanele ukwazi:

- Ukuphulaphula kwibali ngolonwabo ixesha elide.
- Ukubonakalisa iimvakalelo ngebali.

- Ukuphendula imibuzo banike izizathu ngeempendulo.

## **Inkcazelo Yesifundo:**

- a. Hlalisa abafundi ngocwangco baze baphulaphule ngenyameko.
- b. Ukuba abafundi bahleli ezidesikeni qiniseka ukuba akukho nto iphazamisayo.
- c. Qiniseka ukuba abafundi bayabona ngaphambili eklasini.
- d. Fundela abafundi eli bali lilandelayo.
- e. Abafundi mabaphulaphule ngenyameko kuba uzakubabuza imibuzo malunga nebali.
- f. Funda ibali ngelizwi elisulungekileyo, elivakalayo, ngenkangeleko.

“Molweni bafundi!” watsho uMnu Sithole. “Hlalani phantsi,”  
UMavula noGijmani bakhawuleza bajonga kutitshala wabo.  
“Ndineendaba ezimnandi,” uMnu Sithole waqhubeka. Bonke abantwana bamamela kakuhle.

“Ngomhla wama 22 kwinyanga yeThupha, isikolo sethu sizakuba nohambo siye kwindawo ethabathekayo. ISammy Marks iziko lembali ePitoli. Sizakufunda ulwazi oluninzi.”

“Zamnandi ezi ndaba!” esebeza uGijmani ku Mavula.

UMavula wancuma wakhwaza, “Enkosi, Mnu Sithole!”

UMnu Sithole waqhubeka ethetha, “Izakuthabatha usuku lonke ukuya apho kwaye wonke umfundi uzakuhlawula amashumi asixhenxe eeponti. Amashumi amahlanu eeponti.

ngawesithuti amashumi amabini eeponti ngawokungena kwiziko lembali.”

Ubuso buka Gijmani boyikeka. Ngelixa abanye abafundi bechulumancekile bevuya bedanisa bemjikeleza, ekhathazekile, “Ndiza kubhatala ngantoni olu hambo?” ezibuza.

Ngalo njikalanga uGijmani no Mavula bancokola xa begoduka ukuya ekhaya. “Andikholwa ukuba abazali bam bazakuba nayo imali yokuya kolu hambo,” watsho ekhathazekile uGijmani, “kanti ndiyafuna ukuhamba!”

UMavula waphendula ngokuzithemba, “Ubhuti wam uzakundinika imali yohambo, umalume uMbulawa uzakundinika imali yomphako.”

UGijmani akamhoya uMavula. Ebesacinga ukuba uzakuyifumana njani le mali. “Kuzakufuneka ndicinge ngolunye uhlobo,” watsho ecinga nzulu.

Ebecinga ngalo mbandela wemali engqondweni ngobo busuku, xa wayencedisa utata wakhe ukubuyisa iinkomo ngaloo njikalanga. “Lala kamnandi, Namiza,” utata wakhe ethetha nommelwane. UNamiza waphakamisa isandla ebulisa wabuyela ekhaphela imfuyo yakhe eyadini. “Utsala kanzima ezi ntsuku,” watsho utata ka Gijmani.

Ngelo xesha, uGijmani wafumana ithuba lokumamelisa ummelwane. Xa begqiba ukufaka iinkomo, uGijmani wakhawuleza waya kumzi kammelwane.

“Molo?” wangena endlwini uGijmani. “Ingaba kukho umntu ekhay ‘apha?’”

“Ngena,” kwavakala ilizwi emva kwendlu.

UGijmani wavula ucango wangena. UNamiza wayehleli kwisitulo esidala esihambayo.

Wancuma elondla emnyango. “Ndingakunceda ngantoni?” ebuza.

UGijmani wathatha umoya omkhulu ecacisa ngohambo. Waze wathi, “Ndicinga ukunceda ngokukhuphela iinkomo zakho ekuseni nangokuhlwa, uzakundibhatala imalana encinci ngoncedo lwam. Ngalo ndlela ndizakukwazi ukugcina imali ndizokuhamba nesikolo sam kukhenketho.”

UNamiza wajonga ubusweni bale nkwenkwe, wacinga okomzuzwana wathi, “Kuzakufuneka usebenze nzima, uzakunceda ngemihlambi emibini, owakokwenu nowam. Ukuba ujonga owam umhlambi, ndicinga ukuba ndingakunceda ngohambo nesikolo.”

UGijmani watsiba-tsiba evuya, “Ewee! Ndiyabulela! Ndiza kukubona ngomso !” Waphuma endlwini enovuyo. Kwinyanga enesiqingatha elandelayo uGijmani wamana evuka kusasa kakhulu ebuya emva kwexesha, encedisa uNamiza ngeenkomo zakhe. .

Lahamba ixesha kwade kwasondela ixesha lokuhamba, uvuyo lwamana lusanda kunkabi. Lafika usuku lokuhamba uGijimani wafika esikolweni epethe imali yakhe ayisebenzele nzima. Abafundi bema ngaphandle ebhasini bekhwela. Bencokola ngosuku olungaphambili. Emva kohambo oluvuyisayo ngebhasi, behla kwindlu eyayinkulu. "Sifikile!" Watsho uMnuz. Sithole exela. Abafundi behla ebhasini, bengawasusi amehlo abo kulendlu inkulu. "Namkelekile eSammy Marks kwiziko lembali," kwatsho indoda. "Nizakonwaba namhlanje nifunde lukhulu. Niziphathe kakuhle, kwaye ningabambi nto, okubiyelwe ngako okanye isakhiwo. Niyaqonda?"

"Ewe, siyaqonda," baphendula abafundi.

"Ndilandeleni, yatsho le ndoda. Waqhuba iqela labafundi kucango oluphambili lwendlu." UGijimani wajonga phezulu kwisilingi esihle nakwizitepusi ezintle. "Andikaze ndoyibona into enjena!" esebeza kubahlobo bakhe, abazange babubona ubuhle obungaka.

"Bekuhlala abantu abalishumi elinanye kule ndlu" ecacisa umkhokheli khenketho, "USammy Marks, umkakhe, unyana, intombi kunye nezicaka ezisixhenxe."

"Bazifumana njani apha?" wabuza uMavula. Umkhokheli khenketho wancuma.

"Jonga le bhedi!" watsho uMavula, "Iyamangalisa!"

"Iimatrasi zizele ngamaphiko eentaka ukubagcina bentofo-ntofo ixesha elide kwaye zilungiswa ngexesha zenzelwe ukujongeka kakuhle," wacacisa umkhokheli.

Emva kokuba begqibile ukujonga yonke indlu, umkhokheli wasa abafundi ebaleni lokudlala. Bathi abafundi bakudinwa ukudlala ebaleni inkokheli yababiza bonke. "Ndiyabulela ukuba nizoku kukhenkethela apha eSammy Marks iziko lembali."

Bancuma abafundi, babulela baqabela ebhasini kuhambo lwabo olude begoduka. UGijimani watshona kwisihlalo sakhe ekroba ngefestile xa begoduka.

"Hayi uhambo olumangalisayo," ecinga. Ekhumbula konke akubonileyo ngalo mhla, ecinga indlela ancedakale ngayo ngokusebenza nzima.

- g. Okulandelayo, cacisa lo msebenzi:
- h. Abafundi mabagqibezele lo msebenzi kwiincwadi zabo ZOKUBHALA.
- i. Xelela abafundi baza kuzoba isiganeko esenzekileyo kwibali. Umfanekiso mawubonise okwenzekileyo kwibali elo, bazobe ngenyameko baze bawufake umbala.
- j. Cela abafundi ukuba bagqibezele imifanekiso yabo, bacele beze etafileni yakho neencwadi zabo. (Umfanekiso akufunekanga ube ugqityiwe kwaphela- usafuna ukucacisa umfanekiso kumfundi ngamnye.)
- k. Mabakuxelele ukuba:
  - a. Umfanekiso wabo ungantoni? (Ukuvavanya ukuba umfanekiso ungebali).
  - b. Buza abafundi ukuba yintoni abayithandileyo ebalini. Cela abafundi ukuba banike IZIMVO zabo zokulithanda okanye ukungalithandi ibali.
- l. Sebenzisa izifundo ezithathu kulo msebenzi nabafundi.

### Ukumaka:

1. Sebenzisa irubhriki xa uhlola umfundi ngamnye.
2. Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
3. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngezakhono zokuphulaphula nokuthetha zomfundi.

# WEEK 1 THURSDAY

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi		Usebenza ngokwanelisayo		Usebenza ngokugqwesileyo	
Izakhono zokuphulaphula	Umfundi ufumana ubunzima bokuphulaphula ithuba elide. Umfanekiso womfundi awuhambelani nebali.	1	Umfundi ufumana ubunzima bokuphulaphula ithuba elide OKANYE umfanekiso womfundi awucacanga kwaye awuhambelani nebali.	2	Umfundi uphulaphula ithuba elide kwaye umfanekiso wakhe uhambelana nebali.	3
Ukubonisa iimvakalelo ngebali	Umfundi akabonisi iimvakalelo ngebali.	0	Umfundi ubonise iimvakalelo ngebali, kodwa ebethandabuza.	1	Umfundi ubonisa iimvakalelo malunga nebali neenkukacha nokuzithemba.	2
Uphendula imibuzo anike izizathu ngeempendulo	Umfundi akanikanga zizathu ngeempendulo zakhe.	0	Umfundi unezizathu zezinye iimpendulo zakhe.	1	Umfundi unike izizathu zeempendulo zakhe zonke.	2
Ukucaca nokuvakala kwentetho	Umfundi akavakali nentetho yakhe ayivakali.	1	Umfundi uyavakala kumaxa amaninzi nentetho iyavakala kumaxa amaninzi.	2	Umfundi uyavakala nentetho yakhe icacile.	3

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho. Esi sisifundo 1 kwezi 4.**

1	2	3	4
---	---	---	---





## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

### Spelling test

Sound **dl, ny**

20 min

Spelling Test	Date:
1. idlelo	6. inyama
2. isidlo	7. inyosi
3. ukudlala	8. inyani
4. dlala	9. inye
5. dlamka	10. inyoka

### Dictation Sentence

Enye inyoka ibone inyosi enyabileyo idlala ngenyama ebomvu.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **9**

15 min



## Writing

### DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela  
Yoku-1 yeDBE 1 amaphepha  
32,33, 116



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **10**

15 min



## Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

Assessment activity

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo sesi 2 kwezi 4.**

1	2	3	4
---	---	---	---



## Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Siqhuba esixekweni

Page 78-79

COMPREHENSION:
<b>Questions</b>
Ingena phi ibhasi yabo?
Ucinga ukuba yintoni unobangela walo msi waseGoli?
Yintoni eyenza uSipoti afune ukuphuma ebhasini?
Ubizwe ngubani uSipoti?
Fakela iimpawu zokubhala. uyaphi sipoti
<b>Answers</b>
Ingena eGoli ibhasi yabo.
Uphuma kwimizi mveliso yaseGoli.
Wayefuna ukudlala nezinye izinja ezincinci.
USipoti ubizwe nguJabu.
Uyaphi Sipoti?

WEEK

S

“You can never be overdressed or overeducated.” - **Oscar Wilde**



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeke ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

New sound  
Spelling words

Sound **dw**

10 min

## Phonic Words

yedwa bodwa lodwa kodwa uyadwaba



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **1**

15 min



## Handwriting

Handwriting practice

Letter **D**

30 min

## Handwriting Words

Dwaba uDuma uDali

## Handwriting Pattern:

CCCC

## Handwriting Sentence:

UDali udwaba yedwa apha.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **2**

15 min



## Shared Reading

Pre-read

15 min

## Look And Say Words

usiphathele ezimnandi ngebhasi yimincili nokuwavula umlomo



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

DBE workbook

Sound **dw**

10 min

Incwadi Yokusebenzela Yokuqala

YeDBE

Iphepha: 39



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **3**

15 min



## Writing

30 min

### linjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukubhala umhlathi omnye ngamava abo okanye iziganeko.
- Ukusebenzisa inkqubo elandelwayo yokubhala.

### Izixhobo ezifunekayo:

Ibhodi netshokhwe

Iincwadi neekhrayoni zabafundi

### Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kwazo.  
Isihloko sakho sangoLwesine, sibhalwe ebhodini: *Xa ndandineminyaka emine, wophuka umlenze wam.*

### Umfuziselo:

1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, bazakongeza izivakalisi KWISIQU somhlathi wabo.
2. Khumbuza abafundi ukuba kwiveki ephelileyo, babhale ISIVAKALISI ESIYINTLOKO.
3. Khumbuza abafundi ukuba ISIVAKALISI ESIYINTLOKO sazisa ngemeko enzima eyenzeke kubo.
4. Bacacisele ukuba namhlanje, bazakufakela izivakalisi ezithathu xa bechaza imeko yabo enzima.
5. Cacisa ukuba ababhali bazakubhala ngabo, kuba ABABHALI BABHALA NGENTO ABAYAZIYO.
6. Cacisa ukuba azakucinga ngezivakalisi zabo phambi kokuba babhale. kuba ABABHALI BAYACINGA

PHAMBI KOKUBA BABHALE.

7. Khumbuza abafundi ukuba bazakubhala izivakalisi ezithathu.
8. Yithi: Imeko emaxongo kum kwakungumhla ekophuka ngawo umlenze wam. Kwisiqum somhlathi, ndizakubhala NGENDLELA esenzeka ngayo eso sehlo.
9. Yithi: Ndandikhwela emthini. Ndaze ndanyathela isebe elalingaqinanga. Isebe lophuka laze lawa emhlabeni.
10. Cacisa ukuba namhlanje, SIZAKUBIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO SIZE SIBHALE ZONKE IZANDI ESIZIVAYO.
11. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
12. Sebenzisa UMFUZELO ukubonisa ABAFUNDI indlela YOKUBIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO SIZE SIBHALE ZONKE IZANDI ESIZIVAYO.
13. Xa ugqibile, fundela ikhosi ISIVAKALISI ESITYINTLOKO kwakunye NEZIVAKALISI ZESIQU ngokuvakalayo.

### Imiyalelo Ye-oral:

1. Yithi: Ngoku lixesha lenu lokuba ngababhali.
2. Namhlanje nizakufakela izivakalisi kwizivakalisi zenu ezityintloko. Namhlanje, uzakuchaza indlela eyenzeke ngayo le nto inzima.
3. Namhlanje UZAKUCINGA PHAMBI KOKUBA UBHALE.
4. Khumbula, kufuneka ubhale ngawe kuba ABABHALI BABHALA NGENTO ABAYAZIYO.
5. Cela abafundi ukuba bacimele bacinge.
6. Cela abafundi aba 2-3 babelane ngeembono zabo nekhosi.

### Ukubhala:

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Cacisa ukuba abafundi bafanele ukutyhila kwiphepha apho babhale khona ISIVAKALISI ESITYINTLOKO ngoLwesine.
3. Hamba hamba ekhosi ukhangele ukuba abafundi batyhile kwiphepha elifanelekileyo na.
4. Khumbuza abafundi BAKRWELELE UMGCA IGAMA NGALINYE.
5. Khumbuza abafundi BABIZE AMAGAMA NGOKUCOTHA BAZE BABHALE IZANDI ABAZIVAYO.
6. Hamba hamba ekhosi wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
7. Ngelixa lodliwano ndlebe oluncinane, nceda abafundi BABIZE AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO BAZE BABIZE IZANDI ABAZIVAYO.
8. Ngelixa lodliwano ndlebe oluncinane cela abafundi BAKUFUNDELE IMIBHALO YABO.
9. Njengokuba uhamba hamba nje, ncoma abafundi

ngemizamo yabo. Eyona nto ibalulekileyo xa kubhalwa kukwakha ukuzithemba kwabafundi. Kufuneka bafumane kulula ukubeka ipeni ephepheni.

10. Xa abafundi bebhala ithuba elingangemizuzu engama - 20, baxelele bayeke. Ekupheleni kwesi sifundo, qokelela iincwadi zabafundi.

### Ukumaka:

1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo kwiincwadi zabo. Ingaba ziinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, okanye igama :Kuyancomeka!
2. Sebenzisa irubhrikhi elandelayo ukuhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo zokuhlola kwincwadi yokuhlola.
4. Kwaye,phawula ngenkxalabo onayo ngesakhono sokubhala somfundi.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi	Usebenza ngokwanelisayo	Usebenza ngokugqwesileyo			
Ungqala kwisihloko ESINYE kuphela	Umfundi aka ngqalanga kwisihloko esinye njengesivakalisi esiyintloko. Izivakalisi azihambelani nesivakalisi esiyintloko.	0	Umfundi ubhale izivakalisi zakhe ngesihloko esifanayo nesivakalisi esiyintloko.	1		
Ubhala izivakalisi ezithathu	Umfundi akabhalanga zivakalisi ezithathu OKANYE izivakalisi aziphelelanga.	1-2	Umfundi ubhale izivakalisi ezithathu ezipheleleyo.	3-4	Umfundi ubhale izivakalisi ezithathu ezipheleleyo nezichanekileyo. Izivakalisi zibhalwe ngobuchule.	5-6
Ubhala amagama esebenzisa izandi azifundisiweyo	Umfundi akazamanga ukufakela amagama kwiphepha lakhe.	1	Umfundi ufakele oonobumba abambalwa ephepheni. Oonobumba bangangahambelani kakuhle nezandi.	2	Umfundi ubize amagama esebenzisa oonobumba abafundisiweyo. Amagama asephepheni abonisa ukuba umfundi ubize igama ngokucotha waze wabhala izandi azivayo.	3

Example

Xa ndandineminyaka emine,  
umlenze wam wophuka.  
ndandikhwela emthini.  
Ndanyathela isebe  
elalingaqinanga. isebe  
lophuka ndaze ndawela  
amhlabeni.





**Group Guided Reading**  
**Paired / Independent Reading**



Group 4  
15 min



**Shared Reading**

First read

15 min

DBE Workbook 1  
Title: Iindaba Ezimnandi  
Page 66



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

New sound

Sound **lw**

10 min

## Phonic Words

kukulwa isilwanyana ulwandle ilulwane ulwimi.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **5**

15 min



## Handwriting

Handwriting practice

Letter **Lw**

15 min

## Handwriting Words

uLwandile uLwanda eLwandle

## Handwriting Pattern:



## Handwriting Sentence:

Lwandile lumkela isilwanyana esikhulu.

Incwadi Yokusebenzela Yoku-1 YeDBE: Iphepha: 15



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **6**

15 min



## Shared Reading

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Iindaba Ezimnandi

Page 66



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

Own choice

Sound **lw**

10 min



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **7**

15 min



## Writing

15 min

### linjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukubhala umhlathi omnye ngamava abo okanye ngeziganeko
- Ukusebenzisa inkqubo elandelwayo yokubhala

### Izixhobo Ezifunekayo:

Ibhodi netshokhwe.

Iphepha elihamba lodwa lomfundi ngamnye (eli phepha linokuthathwa kwiincwadi zabafundi) kwakunye neekhrayoni.

### Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika.
3. ISIVAKALISI ESIYINTLOKO sakho NEZIVAKALISI ZESISU, zibhalwe ebhodini.

### Umfuziselo:

1. Chaza ukuba namhlanje, abafundi bazakufakela ISIVAKALISI ESIQOSHELISAYO sokugqibela kwimihlathi yabo.
2. Cacisa ukuba esi sivakalisi sizakushwankathela size sivale umhlathi.
3. Cacisela abafundi ukuba ekuqaleni, abafundi bazakufunda IZIVAKALISI EZIYINTLOKO NEZESISU kuba ABABHALI BAYAYIFUNDA IMIBHALO YABO.

4. Emva koko, baza kubhala isivakalisi ESISIPHELO ukushwankathela baze bachaze indlela abazive ngayo.
5. Fundela iklasi izivakalisi zakho eziyintloko nezesiqu ngokuvakalayo.
6. Yithi: Ukuwa kwam, kwakubuhlungu kwaye ndandisoyika!
7. Cacisa ukuba abafundi bafanele ukusebenzisa IXESHA ELADLULAYO kuba babhala ngento esele yenzekile kubo.
8. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
9. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi indlela yokubhala isivakalisi.

### **Imiyalelo Ye-Orali:**

1. Cela abafundi bafunde IZIVAKALISI zabo EZIYINTLOKO NEZISIQU.
2. Khumbuza abafundi ukuba bazakubhala isivakalisi SESIPHELO ukushwankathela nokuchaza uvakalelo lwabo.
3. Nika abafundi imizuzu emi 3-5 yokufunda imibhalo yabo.
4. Xelela abafundi bacinge ngento abazakuyibhala kwisivakalisi SESIPHELO, kuba ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE.
5. Cela abafundi aba 2-3 bavalontyiye ukwabelana ngabakubhalileyo.

### **Okubhalwayo:**

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Yalela abafundi baqale ukubhala.
3. Ngexa abafundi bebhala, hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.

### **Ukumaka:**

1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo kwiincwadi zabo. Ingaba ziinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, okanye igama :Kuyancomeka!
2. Sebenzisa irubhrikhi elandelayo ukuhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo zokuhlola kwincwadi yokuhlola.
4. Kwaye,phawula ngenkxalabo onayo ngesakhono sokubhala somfundi.

Example

Xa ndandineminyaka emine, umlenze  
wam wophuka. ndandikhwela emthini.  
Ndanyathela isebe elalingqinanga  
isebe lophuka ndaze ndawela  
emhlabeni. Ukuwa kwam,  
kwakupuhlunga kwaye ndandisiyika.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **8**

15 min



## Listening and Speaking

### Poster vocabulary

UHAMBO NGEBHASI

5 min

### Assessment activity

25 min

## Poster Vocabulary

1. Uchwayitile
2. Umthwalo
3. Ibhegi yokulala
4. Amava
5. Elunxwemeni lwaselwandle.

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho. Esi sisifundo 3 kwezi 4.**

1	2	3	4
---	---	---	---



## Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

### Spelling test

Sound **dw, lw**

20 min

Spelling Test	Date:
1. yedwa	6. kuculwa
2. bodwa	7. isilwanyana
3. lodwa	8. ulwandle
4. bodwa	9. ilulwane
5. uyadwaba	10. ulwimi

### Dictation Sentence

ULwandile ucula noLwandle aze adwabe ngesilwanyana esisodwa.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **9**

15 min



## Writing

### DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela  
Yoku-1 YeDBE  
Amaphepha; 36, 37.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **10**

15 min



## Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

Assessment activity

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo sesi 4 kwezi 4.**

1	2	3	4
---	---	---	---



## Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1  
Title: Iindaba Ezimnandi  
Page 66

### COMPREHENSION:

#### Questions

Yintoni ebangele ukuba abantwana bazive bonwabile?

Ibe nasiphumo sini ebantwaneni – yintoni abayenzileyo?

Lenzeka phi eli bali?

Biza amagama abafundi ababini kule klasi.

#### Answers

Utitshala ubabalisele ukuba bazakuthatha uhambo ngebhasi.

Batsibe phantsi naphezulu.

Egumbini lokufundela.

Jabu, Ann, Dan, Bongsi





The more that you read, the more things you will know.  
The more that you learn, the more places you'll go.

**Dr Seuss**



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

New sound  
Spelling words

Sound **tw**

10 min

## Phonic Words

tweza twabulula thwabaza ukulwa abantwana



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **1**

15 min



## Handwriting

Handwriting  
practice

Letter **Tw**

30 min

## Handwriting Words

eTwatwa uThami eThokoza tweza

## Handwriting Pattern:

oooooooo

## Handwriting Sentence:

UThami uhlala eTwatwa noThandi.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **2**

15 min



## Shared Reading

Pre-read

15 min

## Look And Say Words

amaza alwatyuzayo lunzulu anetyuwa neenqanawa



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

DBE workbook

Sound **tw**

10 min

Incwadi Yokusebenzela Yoku-1  
YeDBE  
Iphepha 99.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **3**

15 min



## Writing

30 min

### linjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukubhala umhlathi omnye ngamava akho okanye iziganeko
- Ukusebenzisa inkqubo yokubhala

### Izixhobo ezifunekayo:

lincwadi zabafundi ezinemihlathi

Umhlathi ogcweleyo, obhaliweyo ebhodini

ONEEMPAZAMO EZI 3: limpazamo zoonobumba

impazamo, impazamo ngempawu zemibuzo, yopelo.

ITSHEKHLISTI YOKUZIHLLELA, iprinti yomfundi ngamnye okanye ebhaliweyo ebhodini.

### Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kwedesika zabo

### Umfuziselo:

1. Namhlanje, sizakwenza into ababhali abayenzayo. Namhlanje sizakuhlela esikubhalileyo.
2. Xa ababhali BEHLELA, balungisa abakubhalileyo ukuze kubengcono.
3. Namhlanje, sizakufunda esikubhalileyo.
4. Xa sifunda esikubhalileyo, sizakujonga iimpazamo zethu.
5. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi ukuba lusetyenziswa njani / ITSHEKHLISTI kwanokulungisa iimpazamo.

6. Khumbuza abafundi ukuba ABABHALI BASEBENZISA IZIXHOBO.
7. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa ukuba zisetyenziswa njani izixhobo , njengezichazi magama zabo okanye amagama aseludongeni, ukulungisa iimpazamo.

### **Imiyalelo Ye-Orali**

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Cela abafundi ukuba bavule kwimihlathi yabo.
3. Khumbuza abafundi ukuba bafunde abakubhalileyo, kuba ABABHALI BAFUNDA ABAKUBHALILEYO.
4. Xelela abafundi ukuba ngoku, bazakusebenzisa ITSHEKHLISTI ukongeza kwimihlathi yabo.

### **Okubhalwayo:**

1. Hamba-hamba ujonge ukuba abafundi bafunda imihlathi yabo kwaye bafunda iindlela zokulungisa iimpazamo.
2. Hamba-hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
3. Xelela abafundi abagqibileyo ukuba BANGONGEZA IINKCUKACHA kwabakubhalileyo okanye fakela umzobo.

IRUBHRIKI YOKUMAKA YALEVEKI IQULATHWE  
KWISICWANGCISO SOKUFUNDA SANGOLWESINE.

Example

Xa ndandineminyaka emine, umlenze  
wam wophuka. <sup>N</sup> ndandikhwela emthini.  
Ndanyathela isebe elalingqinanga.  
Iysebe lophuka ndaze ndawela  
emhlabeni. Ukuwa kwam,  
kwakuphulunga kwaye ndandisiyika.

Igama:	Palesa		
Umhla:	2 Epreli 2016		
Ndikhangelisise oonobumba abakhulu.	(EWE)		HAYI
Ndikhangelisise iimpawu zokubhala.	(EWE)		HAYI
Ndikhangelisise upelo lwamagama endiwaziyo.	(EWE)		HAYI
Izimvo:	<u>Ndilungise izinto ezimpini.</u>		

**Ukuhlola:**

1. Sebenzisa irubhrikhi xa uhlola umfundi ngamnye.
2. Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
3. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye athe wabhala ngayo.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi	Usebenza ngokwanelisayo	Usebenza ngokugqwesileyo			
<b>Umsebenzi: Ukuthatha inxaxheba afakele izimvo xa kubhalwa ibali</b>	Umfundi akazami nokuzama ukunikela ngezimvo.	1	Umfundi uyazama ukunikela ngezimvo. Izimvo ayizozakhe kwaye azifanelekanga.	3	Umfundi uthatha inxaxheba kwisifundo. Iingcinga zezakhe kwaye zifanelekile.	5
<b>Izakhono zokuphulaphula:</b>	Umfundi uthanda ukwenza ingxolo okanye uphazamisa abanye abafundi xa bethetha.	1	Umfundi wenza ingxolo ngamanye amaxesha okanye uphazamisa abanye abafundi xa bethetha.	3	Umfundi uzolile, kwaye uphulaphula ngenyameko xa abanye bethetha.	5



**Group Guided Reading**  
**Paired / Independent Reading**



Group 4  
15 min



**Shared Reading**

First read

15 min

DBE Workbook 1  
Title: Siseselwandle  
Page 86-87



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

New sound

Sound **kw**

10 min

## Phonic Words

kwedini kwaNkwali eKwindla udikwe,



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **5**

15 min



## Handwriting

Handwriting  
practice

Letter **Kw**

15 min

## Handwriting Words

kwedini kwamalume eKwindla uKwanele

## Handwriting Pattern:



## Handwriting Sentence:

UKwanele uvune umbona eKwindla.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **6**

15 min



## Shared Reading

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Siseselwandle

Page 86-87





## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

DBE workbook

Sound **kw**

10 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye DBE  
Iphepha:



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **7**

15 min



## Writing

15 min

### linjongo

Abafundi kufanele bazi:

- Ukusebenzisa inkqubo yokubhala
- Ukubhala umhlathi ube mnye ngamava abo
- Ukubhala kwaye bacacise ngesivakalisi kwisihloko ukuba negalelo kwincwadi yeklasi.

### Izixhobo ezifunekayo:

Ibhodi netshokhwe

Iincwadi zabafundi ezinemihlathi kunye netsheklisti lokuhlela

Iphepha elihamba lodwa kumfundi ngamnye (Eli Iphepha lingathathwa kwincwadi zokubhala zabafundi) kunye neekhrayoni

### Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.
3. Bhala esi sikhokelo sesivakalisi ebhodini:  
Ngexesha bendi \_\_\_\_\_  
Ngu \_\_\_\_\_

### Umfuziselo:

1. Xelesa abafundi ukuba namhlanje, BAZAKUPAPASHA imihlathi yabo.
2. Cacisa ukuba abafundi bazakwenza iphepha lencwadi yeklasi: Wonke umntu uneengxaki.

3. Cacisa ukuba umfundi ngamnye makabe neTAYITILE ngephepha labo.
4. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi ukuba uyifakela njani ITAYITILE: Ngexesha Endazophula ngalo Umlenze.
5. Cacisa ukuba abafundi mabongeze amagama abo ecaleni UKUZE wonke umntu ayazi ukuba liphepha labo eli.
6. Cacisa ukuba abafundi bazakuPHINDA BABHALE umhlathi cocekileyo.
7. Cacisa ukuba abafundi bazakuzoba ngokukhawuleza kwiphepha labo.
8. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi ukuba upapashwa njani umsebenzi wabo.

### **Imiyalelo ye-Orali:**

1. Yithi: Ngoku lixesha lakho lokwenza iphepha lencwadi yethu yeklasi: Wonke umntu unengxaki.
2. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
3. Cela abafundi ukuba bafune imihlathi yabo.
4. Cacisa ukuba ababhali kufanele babhale EMAPHEPHENI AHAMBA WODWA uzakuwagqithisa, ukuze iphepha labo libe lelinye lencwadi yeklasi.
5. KHUPHA AMAPHEPHA AHAMBA ODWA.

### **Okubhalwayo:**

1. Xelesa abafundi ukuba baqalise UKUPAPASHA imihlathi yabo.
2. Hamba-hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
3. Khumbuza abafundi ukuba bongeze umzobo kwiphepha lencwadi.
4. Ngelixa uhamba-hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI. Eyona nto ibalulekileyo ekubhaleni kukwakha ukuzithemba ebantwaneni. Mabazive bekhululekile ukubeka usiba ephepheni.
5. Xa ixesha seliphelile, qokelela iincwadi zabafundi kwakunye namaphepha ahamba wodwa. Yenza la maphepha ahamba odwa ukuba abe YINCWADI YEKLASI efumanekayo kubafundi ukuba bayijonge.

### **Ukumaka:**

1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo kwincwadi zabo. Ingaba yinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, igama: Kuyancomeka!
2. Sebenzisa le rubhriki elandelayo ukuhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
4. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye athe wabhala ngayo

Inqanaba lokuhlola	Usebenza Ngokungekanelisi	Usebenza Ngokwanelisayo	Usebenza ngokugqwesileyo			
<b>Umsebenzi:</b> Yongeza igama netayitile yephepha	Abafundi abongezi itayitile negama kwiphepha elipapashiweyo, njengomyalelo.	0	Abafundi bongeza itayitile kunye negama lephepha elipapashiweyo, njengomyalelo.	1		
<b>Umsebenzi:</b> Uludwe lwecwecwe lokuzihlela	Umfundi akasebenzisi uludwe lokuzihlela.	1	Umfundi uyalusebenzisa uludwe lokuzihlela ukufumana upelo kunye neempazamo zeempawu zokuphawula kwimibhalo yabo.	2	Abafundi basebenzisa uludwe ukufumana iimpazamo kwiimpawu zokuphawula, nopelo kwimibhalo yabo.	3
<b>Umsebenzi</b> Ubhala umhlathi	Umfundi ubhale izivakalisi kodwa azihambelani nomhlathi	1-2	Umfundi ubhale umhlathi opheleleyo ngesihloko, isiqu, kunye nesivakalisi esiqashelisayo.	3-4	Umfundi ubhale umhlathi opheleleyo ngesihloko sesivakalisi, isiqu, kunye nesivakalisi esiqashelisayo. Umhlathi uyavakala kwaye uqonde kwisihloko esinye.	5-6

Example

Ngelixa Endaphula Ngalo Umlenze

Wam

NguNeo

Xa ndandineminyaka emine, umlenze

wam wophuka. Ndandikhwela emthini.

Ndanyathela isebe elalingaqinanga.

Isebe lophuka ndaze ndawela

emhlabeni. Ukuwa kwam,

kwakubuhlungu kwaye ndaziva

ndisoyika.





## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 8

15 min



## Listening and Speaking

Poster discussion

UHAMBO NGEBHASI

5 min

### Assessment activity

25 min

## Poster Discussion

1. Jonga kwimifanekiso emithathu kwicala lasekhohlo. Ucinga ukuba baphi abantwana? Kutheni? (Kwezendalo okanye epakini. Bajonge kwingxangxasi, izityalo kwakunye / ukhozi. Kukho namabhabhathane amahle.)
2. Jonga kumfanekiso ophezulu kwikona yangasekunene. Ucinga ukuba baphi aba bantwana? Ngoba? (Efama. Kukho izilwanyana zasefama ezininzi.)
3. Yintoni enokwenziwa ngabantwana efama? Yenza uluhlu lwezinto ozibonayo nocinga ngazo. (Tyisa izilwanyana, senga inkomo yobisi, leqa izilwanyana, dlala namatakane / amathole ezilwanyana, baleka / jikeleza indawo yonke, njalo njalo.)
4. Jonga kumfanekiso ophakathi / osebindini. Ucinga ukuba abantwana baphi? ngoba? (Elunxwemeni lolwandle. Siyalubona ulwandle nesanti yolwandle.)
5. Yintoni enokwenziwa ngabantwana elunxwemeni lolwandle? Yenza uluhlu lwezinto ozibonayo nocinga ngazo. (Ukuqubha, ukukhwela idonki, ukwakha inqaba ngesanti, ukuphosa ukhula lwaselwandle, ukuphumla, ukugrumba umngxunya, ukubaleka esantini, njalo njalo.)

### UMSEBENZI WOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA:

Ukuthetha ngamava akhe, umz. ukubalisa iindaba ngokulandelelana kweziganeko. Umzekelo, ukubalisa iindaba ngaphandle kokuphindaphinda.

## linjongo:

Ekupheleni kwesi sifundo, abafundi bafanele ukwazi:

- Ukuthetha ngamava abo ngaphandle kokuphindaphinda.

## Inkcazelo Yesifundo:

- a. Hlalisa abafundi ngocwangco baphulaphule.
- b. Ukuba abafundi bahleli ezidesikeni qiniseka ukuba akukho nto iphazamisayo.
- c. Qiniseka ukuba abafundi bayabona ngaphambili eklasini.
- d. Cacisa kubafundi ukuba mabachazele iklasi ngendawo abathe bayindwendwela okanye abanqwenela ukuyindwendwela.
- e. Njengotitshala, bonisa abafundi into ofuna bayenze.
- f. Lungisa izivakalisi ezi 3-4, ngendawo okhe wayindwendwela. Umzekelo:

‘Sasiye kwiigadi zase Walter Sisulu. Kukho iingxangxasi ezintle. Iqela lamakhozi lalinendlwana phezulu enkemfani. Ungajonga kwiteleskopu ukuzibona kakuhle. Kunomtsalane. Kukho izityaio ezintle.’

- g. Xelela abafundi ukuba bazakukuxelela kunye neklasi ngendawo abakhe bayindwendwela okanye abanqwenela ukuyindwendwela.
- h. Mabacinge kakuhle ngento abazakukuxelela ngayo. Beka le imigaqo kubafundi:
  - a. Cela abafundi ukuba bathethe ngokuvakalayo, ngelizwi eliphakamileyo.
  - b. Baxebele ukuba bancede bangaziphindaphindi, batsho isiganeko kanye.
  - c. Baxebele ukuba ufuna ukubona bangabaphulaphuli abakwaziyo ukuphulaphula na – ufuna ukubabona behleli ngokuthula bephulaphule abahlobo babo.
- i. Baxebele ukuba baphakamise izandla zabo ukuba bafuna ukuthetha ngamava abo.
- j. Khetha umfundi omnye ngexesha.
- k. Kufuneka uphulaphule kubafundi aba12, qiniseka ukuba umfundi ngamnye uthetha malunga nemizuzu emi 2.
- l. Qiniseka ukuba umfundi ngamnye uyathetha, abanye bahleli ngocwangco baphulaphule.
- m. Unezifundo ezithathu zokwenza lo msebenzi nabafundi.

## Ukumaka:

- a. Sebenzisa irubhriki ukuhlola umfundi ngamnye.
- b. Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
- c. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngesakhono sokuphulaphula nokuthetha komfundi ngamnye.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi		Usebenza ngokwanelisayo		Usebenza ngokugqwesileyo	
Izakhono zokuphulaphula	Umfundi akazolanga, uyangxola kwaye uphazamisa abanye.	0	Umfundi uyangxola ngamanye amaxesha, akazolanga okanye uyaphazamisa.	1	Umfundi uhlala ngokuthe zole kwaye uphulaphula kwabanye abafundi ngokuthe cwaka.	2
Umxholo	Umfundi uthetha ngenqaku elinye ngotyelelo.	1	Umfundi uthetha ngamanqaku amabini ngotyelelo.	2	Umfundi uthetha ngamanqaku amathathu nangaphezulu ngotyelelo.	3
Ukuphindaphinda	Umfundi ufumana ubunzima ngokulandelelanisa amava akhe, kwaye uyaziphindaphinda.	1	Umfundi uyathandabuza xa elandelelanisa iindaba kwaye uyaziphindaphinda.	2	Umfundi ubonakalisa ukuzithemba ngokulandelelanisa amava, kwaye akaziphindaphindi xa ethetha.	3
Iimvakalelo	Umfundi akavakali kakuhle.	0	Umfundi uyavakala kumaxesha amaninzi.	1	Umfundi uvakala cacileyo maxa onke.	2

### QAPHELA:

Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo 1 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

### Spelling test

Sound **tw, kw**

20 min

Spelling Test	Date:
1. tweza	6. kwedini
2. twabulula	7. kwaNkwali
3. thwabaza	8. eKwindla
4. ukulwa	9. udikwe
5. kwedini	10. ubekwe

### Dictation Sentence

Kwedini yakwaNkwali sukulwa noNokwa xa udiniwe kukudlala naye.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **9**

15 min



## Writing

### DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela  
Yoku-1 YeDBE  
Amaphepha; 40,41



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **10**

15 min





**Listening and Speaking**

Rhyme, song or game

5 min

**Assessment activity**

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo 2 kwezi 4.**

1	2	3	4
---	---	---	---



**Shared Reading**

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Siseselwandle

Page 86-87

<b>COMPREHENSION:</b>
<b>Questions</b>
Babephi abantwana?
Kwenzeka ntoni elwandle?
Kutheni ulwandle lusoyikeka nje?
Ingaba amnandi amanzi aselwandle? Ngoba?
Wenze ntoni ngoku uSipoti?
<b>Answers</b>
Basendleleni eya elwandle.
Babona amaze alwatyuzayo.
Lukhulu kwaye lunuzulu.
Hayi, kuba anetyuwa.
Ugrumbe umngxumakazi, wawa watshona kuwo.

# Week Four

---

---

# WEEK FOUR

'Every child deserves a champion – an adult who will never give up on them, who understands the power of connection and insists that they become the best that they can possibly be.' – **Rita Pierson**



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

New sound  
Spelling words

Sound **gw**

10 min

## Phonic Words

uGwele igwala igwinya iLigwa igwenxa



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **1**

15 min



## Handwriting

Handwriting  
practice


Letter **Gw**

30 min

## Handwriting Words

uGwele uGwede uGwangwa

## Handwriting Pattern:



## Handwriting Sentence:

UGwele noGwede ngamawele.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **2**

15 min



## Shared Reading

Pre-read

15 min

## Look And Say Words

emakhaya siphatheke sipakishe ukhathazeke iintini  
amahlengesi endleleni wakhonkotha



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

Own choice

Sound **gw**

10 min

Incwadi Yokusebenzela Yoku-1

YeDBE

Iphepha: 99



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **3**

15 min



## Writing

30 min

### Iinjongo:

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukufunda izinto abazibhalileyo bafundele iklasi yonke.

### Izixhobo ezifunekayo:

- Amaphepha encwadi ango lwesine, adityanisiweyo enziwa incwadi.
- Umhlathi nomfanekiso owuzobileyo kufanele ibeliphepha lokuqala lencwadi.

### Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo

### Umfuziselo:

1. Siyayazi ukuba ABABHALI BAYAKUFUNDA ABAKUBHALILEYO
2. Namhlanje sizakufumana ithuba lokufunda incwadi yethu: Wonke umntu unemiceli'mngeni.
3. Sizakufunda incwadi, umbhali nombhali afumane ithuba lokuzifundela iphepha lakhe.
4. Sebenzisa UMFUZISELO ufundele abafundi elakho iphepha.
5. Cacisela abafundi ukuba kufuneka bakhwaze xa bethetha ukuze bavakale emntwini wonke.

### Imiyalelo ye-Orali:

1. Tyhila iphepha elilandelayo lencwadi.
2. Mema umfundi obhale elo phepha ukuba aze

- azokufundela abanye abafundi umsebenzi wakhe.
3. Yalela abafundi ukuba baqhwebwe xa umfundi ngamnye egqibile ukufunda umsebenzi wakhe.
  4. Zama ukukhawulezisa ukuze wonke umfundi alifumane ithuba lokufunda umsebenzi wakhe.
  5. Cacisa ukuba incwadi izakufumaneka kwikona yokufundela kwaye abafundi bangayifumana khona xa befuna ukuyifunda.

**Ukumaka:**

1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo kwiincwadi zabo. Ingaba yinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, igama: Kwakuhle!
2. Sebenzisa le rubhriki elandelayo ukuhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
4. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye athe wabhala ngayo

Inqanaba lokuhlola	Usebenza Ngokungekanelisi	Usebenza ngokwanelisayo	Usebenza ngokugqwesileyo			
<b>Umsebenzi: funda okubhalileyo</b>	Umfundi ufuna uncedo nenkxaso ukuze afunde akubhalileyo	1	Umfundi uyakhwaza xa efunda umsebenzi wakhe	3	Umfundi ufunda umsebenzi wakhe ngokucacileyo kwaye uyakhwaza. Akasokoli ukufunda akubhalileyo	5
<b>Ukuvakala nokucaca kokufunda.</b>	Umfundi kunzima ukuba avakale kwaye uyathandabuza xa efunda akavakali kakuhle.	1	Umfundi uvakala ngcono kwaye iyavakala into ayifundayo ixesha elininzi, kodwa uyaphumla xa efunda.	2	Umfundi uyavakala kwaye ufunda ngokucacileyo ubonisa nokuzithemba.	3
<b>Isakhono sokumamela:</b>	Umfundi usoloko engxola, ephazamisa xa kuthetha abanye abafundi.	0	Umfundi umana engxola, ephazamisa xa kuthetha abanye abafundi	1	Umfundi uyathula, azinze, amamele xa kuthetha abanye	2



**Group Guided Reading**  
**Paired / Independent Reading**



Group **4**  
15 min



**Shared Reading**

First read

15 min

DBE Workbook 1  
Title: Lixesha lokugoduka  
Page 90-91



## Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

New sound

Sound **jw**

10 min

## Phonic Words

uJwarha isijwili jwi jweda ijaji



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **5**

15 min



## Handwriting

Handwriting practice

Letter **Jw**

15 min

## Handwriting Words

uJwarha uJwili

## Handwriting Pattern:

*Jw Jw Jw Jw Jw Jw*

## Handwriting Sentence:

UJwarha uthetha nejaji.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **6**

15 min



## Shared Reading

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Lixesha lokugoduka

Page 90-91



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

Own choice

Sound **jw**

10 min



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **7**

15 min



## Writing

15 min

*Esi sifundo linyathelo lokuqala lokulungiselela abafundi ukuba babhale itekisi echazayo. Abafundi bazakubhalelana amakhadi kwiveki ezimbini. Ukulungiselela esi sifundo, kuzakufuneka ukuba ubhale amagama abafundi kumaphetshana amancinci. Wafake onke loo maphepha esingxobeni. Umfundi ngamnye uyakukhupha iphepha elinye ze elo gama athe walifumana ibengulomfundi azakumenzela ikhadi.*

### linjongo:

Bafanele ukwazi:

1. Ukubhala itekisi echazayo

### Izixhobo ezifunekayo:

Iincwadi zabafundi neekhrayoni.

Isingxobo esinamagama abafundi.

### Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwango ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi basezideskeni zabo qinisekisa ukuba akukho zinto ezideskeni zabo.
3. Bhala esisiqali sivakalisi silandelayo ebhodini
4. Ndizakubhalela u\_\_\_\_\_

### Umfuziselo:

1. Cacisa ukuba namhlanje abafundi kuzofuneka bakhethe igama lomnye umfundi esingxobeni.
2. Kweziveki zizayo abafundi bazakube besenza



amakhadi bewenzela umfundi lowo abakhetha igama lakhe.

3. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi indlela ekhawulezileyo yokhetha igama..
4. Cacisa ukuba abafundi abavumelekanga ukutshintsha igama abalikhethileyo ngaphandle kokuba umntu wonyule igama lakhe.
5. Gxinisisa ukuba abafundi babenobuntu nangaliphi na igama abalikhethileyo.
6. Cacisa ukuba abafundi bazakulibhala ezincwadini zabo igama abalifumeneyo ukuze bangalilibali.
7. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi ukuba bawusebenzise njani umbhalo osebhodini.

### **Imiyalelo Ye-Orali:**

1. Khupha iincwadi zabafundi.
2. Yalela abafundi ukuba babhale laa mbhalo usebhodini balandelelise ngegama abalikhethileyo kwiincwadi zabo.
3. Cacisa ukuba abafundi bazakubhala igama abathe balonyula xa bekhetha.
4. Hamba-hamba kwigumbi lokufundela unike bonke abafundi ithuba lokonyula igama esingxobeni.
5. Qinisekisa ukuba abafundi abafumani magama wabo.
6. Cela abafundi ukuba babhale amagama abawafumeneyo ezincwadini zabo.

Example

Ndizaku bhalela u: Anna



**Group Guided Reading  
Paired / Independent Reading**



Group **8**  
15 min



**Listening and  
Speaking**

Poster vocabulary

UHAMBO NGEBHASI

5 min

**Assessment activity**

25 min

Poster Vocabulary

1. Itheleskopu / iferikeyikile
2. Ikhala
3. Ingxangxasi
4. Ibhathathane
5. Ukuhamba / ukuhambela

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho. Esi sisifundo 3 kwezi 4.**

1	2	3	4
---	---	---	---



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

### Spelling test

Sound **gw, jw**

20 min

Spelling Test	Date:
1. uGwele	6. uJwarha
2. igwala	7. isijwili
3. igwinya	8. jwi
4. iLigwa	9. jweda
5. igwenxa	10. ijaji

### Dictation Sentence

UGwele noJwarha ngamagwala kuba benze isijwili phambi kwejaji.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **9**

15 min



## Writing

### DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela  
Yoku-1 YeDBE  
Amaphepha 44, 48



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **10**

15 min



## Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

### Assessment activity

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo 4 kwezi 4.**

1	2	3	4
---	---	---	---



## Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Lixesha lokugoduka

Page 90-91

### COMPREHENSION:

#### Questions

Ucinga ukuba kutheni abantwana bephatheke kakubi namhlanje?

Ngawaphi amalungiselelo abafanele ukuwenza phambi kokuba bathathe uhambo?

Ucinga ukuba kutheni uBongi ekhala nje?

Uhleli ecaleni kukabani uSipoti?

Bacinga ngantoni aba bantwana?

#### Answers

Kuba lixesha lokugoduka ngoku.

Kukupakisha iimpahla zabo.

Ukhathazekile kuba kufuneka egodukile.

USipoti uhleli ecaleni kukaBongi.

Ngolwandle, ngamahlengesi equbha kwaye edlala namanye.





## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

New sound  
Spelling words

Sound **qw**

10 min

## Phonic Words

qwa isiqwayi iqweqwe eQwaqwa umqolo



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **1**

15 min



## Handwriting

Handwriting  
practice

Letter **Qw**

30 min

## Handwriting Words

eQwaqwa iqabane

## Handwriting Pattern:

*ellelelle*

## Handwriting Sentence:

UQondi utyelele umhlobo wakhe eQwaqwa.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **2**

15 min



## Shared Reading

Pre-read

15 min

## Look And Say Words

kwowu ndingabuyela namhlanje ngezilwanyana ndimbalisele eklasini



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

DBE workbook

Sound **qw**

10 min

Incwadi Yokusebenzela Yoku-1

YeDBE

Iphepha:99



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **3**

30 min



## Writing

15 min

### Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukubhala itekisi enenkcazo evakalayo, enje ngekhadi okanye incwadi
- Ukusebenzisa inkqubo elandelwayo yokubhala
- Ukwakha ibhanki yamagama nezichazi magama zabo besebenzisa oonobumba bokuqala emagameni ukwakha izakhono zezichazi magama.

### Izixhobo Ezifunekayo:

Ibhodi netshokhwe

Iincwadi zabafundi zokubhala neekhrayoni

### Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli ezidesikeni, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika.
3. Isithuba sokuxulusha isihloko ebhodini.
4. Esi sikhokelo sokubhala, sibhalwe ebhodini:
5. Iimpawu Zobulungisa Zogxa Wam:
  - 1.
  - 2.
  - 3.

### Umfuziselo:

1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, baza kubhala ngezinto ezintathu abacinga ukuba umlingane wabo uzenza kakuhle.
2. Okokuqala, xelela abafundi ukuba UZAKUXULUSHA iimpawu zobulungisa zabantu eklasini.



3. Cela abafundi bakunike iingcinga abanazo.
4. Bhala phantsi iingcinga ngobuninzi bazo ebhodini, ezinje ngezi:
  - Uyathandeka kwabanye abantu
  - Usebenza kakuhle kwizibalo
  - Uyaphulaphula ngalo lonke ixesha
  - Ubaleka kakhulu
5. Vumela abafundi abaninzi bathathe inxaxheba (imizuzu emi 5-10).
6. Xa ugqibile UKUXULUSHA, fundela iklasi uluhlu ngokuvakalayo.
7. Chaza ukuba abafundi bazakucinga ngeempawu ezintathu zobulungisa abahlobo babo abanazo.
8. Bacacisele ukuba bangasebenzisa imizekelo ebhalwe kuludwe olusebhodini, okanye bangasebenzisa iingcinga zabo!
9. Yithi: Ukuba bendibhala ngoNkskz. Moeng, ofundisa iBanga lesi 2, bendizakubhala: Uyabathanda abantu, usebenza kakhulu, yaye ukrelekrele.
10. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi indlela yokusebenzisa isikhokelo. Khetha uphawu olu 1 -2 kuluhlu, uze usebenzise ezakho iingcinga kwezinye iimpawu ezi 1-2.
11. Yithi: Namhlanje uzakusebenzisa udweliso olwenzileyo ukubhala amagama kwizivakalisi zakho.
12. Namhlanje SIZAKUBIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO ze sibhale izandi esizivayo.
13. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
14. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa ababhali indlela YOKUBIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO ze babhale izandi abazivayo.
15. Cacisa ukuba xa abafundi begqibe izikhokelo, bamele ukukhetha amagama amathathu amatsha kuluhlu BAFAKELE KWIZICHAZI MAGAMA ZABO.
16. Sebenzisa UMFUZISELO ukukhumbuza abafundi indlela yokufakela igama kwizichazi magama.

### **Imiyalelo Ye-Orali:**

1. Ngoku: Lithuba lenu lokuba ngababhali.
2. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
3. Yalela abafundi ukuba batyhile kwiphepha apho babhale khona igama lomlingane wabo. Yalela abafundi babhale isikhokelo kweli phepha.
4. Cela abafundi bacinge ngomlingane wabo kwakunye neempawu zabo zobulungisa.
5. Cela abafundi aba 2-3 babelane ngezimvo zabo neklasi.

### **Okubhalwayo:**

1. Hamba hamba eklasini uqinisekise ukuba abafundi

- batyhile kwiphepha elifanelekileyo.
2. Khumbuza abafundi ukuba bangalusebenzisa uluhlu ukugcwalisa isikhokelo okanye bangasebenzisa ezabo iingcinga.
  3. Khumbuza abafundi ukuba BABIZE AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO ze babhale zonke izandi abazivayo.
  4. Hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
  5. Ngelixa lodliwano ndlebe oluncinane, nceda abafundi BABIZE AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUNDO ze babhale izandi abazivayo.
  6. Ngelixa lodliwano ndlebe oluncinane cela abafundi BAKUFUNDELE ABAKUBHALILEYO.
  7. Xa uhamba hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI. Eyona nto ibalulekileyo xa kubhalwa, kukwakha ukuzithemba kubafundi. Mabakufumane kulula ukubeka usiba ephepheni.
  8. Khumbuza abafundi ukuba xa begqibile, kufuneka bakhethe amagama ama 3 BAWAFAKE KWIZICHAZI MAGAMA ZABO.
  9. Xa abafundi besebenze malunga nemizuzu engama 20, baxebele bayeke. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi.

### **Ukumaka:**

1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo kwiincwadi zabo. Ingaba ziinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, okanye igama :Kuyancomeka!
2. Sebenzisa irubhrikhi elandelayo ukuhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo zokuhlola kwincwadi yokuhlola.
4. Kwaye,phawula ngenkxalabo onayo ngesakhono sokubhala somfundi.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi		Usebenza ngokwanelisayo		Usebenza ngokugqwesileyo	
<b>Umsebenzi: Ugcwalisa isikhokelo</b>	Umfundi akagcwalisi sikhokelo ngokupheleleyo.	1	Umfundi ugcwalisa isikhokelo esebenzisa izimvo zeklasi notitshala.	2	Umfundi ugcwalisa isikhokelo ngezimvo neengcinga ezizezakhe.	3-4
<b>Umsebenzi: Ufakela amagama kwisichazi magama</b>	Umfundi uyazama ukufakela amagama kwisichazi magama, kodwa uwafaka kwindawo engeyiyo.	1	Umfundi ufakela amagama amathathu kwisichazi magama. Umfundi ubonisa izakhono zesichazi magama ngokuthi abhale igama ngalinye kwindawo efanelekileyo.	2	Umfundi ufakela amagama amathathu ubuncinane kwisichazi magama. Umfundi ubonisa izakhono zesichazi magama ngokuthi afakele igama ngalinye kwindawo efanelekileyo. Umfundi ufakela inkcazelo okanye umfanekiso ukubonakalisa intsingiselo.	3
<b>Umsebenzi: Ukubhala amagama usebenzisa izandi zoonobumba abafundisiweyo.</b>	Umfundi akazamanga ukufakela amagama kwiphepha lakhe.	1	Umfundi ufakele oonobumba abathile ephepheni. Oonobumba bangangahambelani nezandi zoonobumba.	2	Umfundi ubize izandi zamagama esebenzisa izandi ezifundisiweyo. Amagama asephepheni abonisa ukuba umfundi ubize igama ngokucotha waze wabhala izandi azivileyo.	3

Example

Ndizakubhalela u: Anna

Iimpawu ezithandekayo zom lingane  
wam:

1. Ufunda kakuhle.

2. Ulungile.

3. Uyaghula.



**Group Guided Reading**  
**Paired / Independent Reading**



Group 4

15 min



**Shared Reading**

First read

15 min

DBE Workbook 1  
Title: Sibuyele eklasini  
Page 94-95



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

Own choice

Sound **zw**

10 min

## Phonic Words

ilizwe ilizwi amazwi amazwe eZwide



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **5**

15 min



## Handwriting

Handwriting practice


Letter **Zw**

15 min

## Handwriting Words

eZwelitsha uZwelakhe eZwide uzwane

### Handwriting Pattern:



### Handwriting Sentence:

UZwelakhe ufunda eZwelitsha.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **6**

15 min



## Shared Reading

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Sibuyele eklasini

Page 94-95



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

Own choice

Sound **zw**

10 min



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **7**

15 min



## Writing

15 min

### linjongo

Abafundi bafanele ukwazi :

- Ukubhala itekisi enenkcazo evakalayo, enje ngekhadi okanye incwadi
- Ukusebenzisa inkqubo elandelwayo yokubhala

### Izixhobo Ezifunekayo:

Ibhodi netshokhwe

Iincwadi zabafundi zokubhala neekhrayoni

### Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli ezidesikeni, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika.
3. Isithuba sokuxulusha isihloko ebhodini
4. Esi sikhokelo sokubhala, sibhalwe ebhodini:  
Imibuzo yogxa wam:
  - 1.
  - 2.

### Umfuziselo:

1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, baza kubhala ngemibuzo emibini okanye emithathu abanayo yabalingane babo.
2. Yithi: Ukuba bendibhala ngoNkskz. Moeng, ofundisa iBanga lesi -2, ndinganqwenela ukumbuza: sesiphi esona sifundo athanda ukusifundisa, nalo mbuzo: yintoni eyona nto athanda ukuyenza ngempelaveki.

3. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi indlela yokubhala imibuzo kwisikhokelo.
4. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
5. Cacisa ukuba abafundi bafanele ukucinga ngemibuzo emibini. Ukuba banexesha elingaphezulu, bangongeza nowesithathu.

### **Imiyalelo Ye-Orali:**

1. Yithi: Ngoku lithuba lenu lokuba ngababhali.
2. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
3. Yalela abafundi ukuba batyhile kwiphepha elinegama lomlingane. Yalela abafundi babhale isikhokelo kweli phepha.
4. Cela abafundi bacinge ngemibuzo abanqwenela ukuyibuza abalingane babo.
5. Cela abafundi aba 2-3 babelane ngezimvo zabo neklasi.

### **Okubhalwayo:**

1. Hamba hamba eklasini ukhangele ukuba abafundi batyhile kwiphepha elililo na.
2. Khumbuza abafundi BABIZE AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO baze babhale zonke izandi abazivayo xa bebhala igama elitsha.
3. Hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
4. Ngelixa lodliwano ndlebe oluncinane, nceda abafundi BABIZE AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUNDO ze babhale izandi abazivayo.
5. Ngelixa lodliwano ndlebe oluncinane cela abafundi BAKUFUNDELE IMIBHALO YABO.
6. Xa uhamba hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI. Eyona nto ibalulekileyo xa kubhalwa, kukwakha ukuzithemba kubafundi. Mabakufumane kulula ukubeka usiba ephepheni.
7. Khumbuza abafundi ukuba bangongeza omnye umbuzo xa benalo ixesha.



Example

Ndizakubhalela u: Anna

Iimpawu ezithandekayo zom lingane  
wam:

1. Ufunda kakuhle.

2. Ulungile.

3. Uyagqula.

Imibuzo ngomlingane wam:

1. Ngubani umhlobo wakho wenene?

2. Yeyiphi imidlalo oyithandayo?



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 8

15 min



## Listening and Speaking

Poster discssion

UHAMBO NGEBHASI

5 min

Assessment activity

25 min

## Poster Discussion

1. Zingaphi iintlobo zeentyatyambo ozibonayo? (zintathu)
2. Unganqwenela iintyatyambo okanye imithi kwibala lemidlalo? Ngoba? (nayiphi na impendulo efanelekileyo)
3. Ucinga ukuba enza ntoni amakhwenkwe etafileni? (umsebenzi wasekhaya wesikolo okanye bayafunda)
4. Yintoni onokuyenza ngesanti yokudlala abantwana? (yinqaba, yindlu, ithawa, njalo njalo.)
5. Ungakunqwenela ukuya kwesi sikolo? Ngoba? (nayiphi na impendulo efanelekileyo)

### UMSEBENZI WOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA:

Ukuphulaphula amabali nezicengcelezo aze achonge undoqo, iinkcukacha nokulandelelana kweziganeko.

### linjongo:

Ekupheleni kwesi sifundo, abafundi bafanele ukwazi:

- Ukuphulaphula kwibali.
- Ukuchonga undoqo, iinkcukacha nokulandelelana kweziganeko.

**Inkcazelo Yesifundo:**

- a. Hlalisa abafundi ngocwangco baphulaphule ngenyameko
- b. Ukuba abafundi bahleli ezidesikeni qiniseka ukuba akukho nto iphazamisayo.
- c. Qiniseka ukuba abafundi bayabona ngaphambili eklasini.
- d. Balisela abafundi eli bali lilandelayo:

**Isigebenga Esinomona**

Rhoqo emva kwemini xa sibuya esikolweni, abantwana babedlala kwigadi yesigebenga. Babeqabela imithi, bangqengqe engceni, banukise intyantyambo, badlale undize nayo yonke imidlalo. lintaka zizakucula, abantwana bazakumisa ukudlala besithi "Siyavuya ukuba lapha!"

Ngenye imini isigebenga sasibuya kuhambo olude. Sabona bonke abantwana kwigadi yaso "Nenza ntoni apha?" ekhwaza. "Le yigadi yam! Asiyondawo yokudlala! Phumani! Asiyondawo yokudlala." Boyika abantwana babaleka. ISigebenga sokha udonga olukhulu ukujikeleza igadi, "Akukho mntu ofanele kukudlala apha." Banxunguphala abantwana.

Imozulu yayisiya ibanda ubusika busondela. Wonke mntu wayesiva ukubanda, ingakumbi isigebenga. "Ndiyayicaphukela imozulu ebandayo," ekhwaza. Emva kweenyanga ezimbalwa, intlakohlaza yafika kulo lonke ilizwe. lintaka zazacula, iintyatyambo zagqama, kwaqala kwabashushu.

Kodwa kwindawo enye, kwakusabanda kwigadi yesigebenga. "Iphi intlakohlaza? Andiyithandi imozulu ebandayo!" sakhalaza isigebenga. Ubusika bahlala kwigadi yesigebenga esinolunya, umoya obandayo, isichotho, ikhephu nengqele.

Intlakohlaza, ihlobo nekwindla zahlala kude negadi yesigebenga.

Ngenye intsasa isigebenga seva ingxolo. Sacinga ukuba kukho umntu odlala umculo, kodwa nyani ibiyintaka intyiloza. Wagqibela kudala ukuva intaka intyiloza ebengazi nokuba yintoni. Walondla ngaphandle ngefestile, wabona abantwana bedla la kwigadi yakhe, behleli ngaphantsi kwemithi. Wabona ukuba kukho ikroba kudonga lwakhe, abantwana bebengena kulo, ukungena egadini.

Bekukho ikona enye apho ibisabanda. Kuloo kona kwakukho inkwenkwana encinane eqabela emthini. Isigebenga sabalekela ezantsi, ngaphakathi esitiyeni apho kwakusabanda. Wanyusela le nkwenkwe phezulu emthini, ihlobo leza kuloo kona.

ISigebenga sajonga abantwana bedlala kwisitiya saso "Bendizithanda kangaka, ngoku ndiyazi ukuba kutheni ihlobo lingezanga kwisitiya sam. Bendizingela. Ukususela ngoku, isitiya sam sisitiya sabantwana!"

Ukususela loo mini kude kube namhlanje, abantwana baba nendawo yokudlala.

- e. Xelela abafundi ukuba benze lo msebenzi kwiincwadi zabo zokubhala.
- f. Xelela abafundi ukuba bazakuzoba umfanekiso wento abayithandileyo ebalini.
- g. Xelela abafundi ukuba imifanekiso yabo mayibonakale kwaye ibonise izimvo zabo ezichanekileyo ngebali, mayizotywe kakuhle ifakelwe nemibala ngokucocekileyo.
- h. Yalela abafundi ukuba baqalise ukuzoba imifanekiso yabo.
- i. Jikeleza uqiniseke ukuba abafundi baqalile ukubhala kwaye bazoba umfanekiso onguwo.

- j. Emva koko, baxebele ukuba njengokuba besebenza ngokuthe cwaka, uzakubabiza etafileni yakho ngababini bakubalisele kancinane ngebali.
- k. Ngeli lixa ubabiza ngababini, mabeze neencwadi zabo zokubhala. ukuze uzihlole uziphawule.
- l. Jonga ukuba imifanekiso yabafundi ibonisa isiganeko kwibali, kwaye umfanekiso ubonisa undoqo webali (undoqo webali : xa isigebenga siyeka ukuzicingela, ubusika baphela kwigadi yakhe.)
- m. Xa isibini sisiza kwitafile yakho, mababalise ibali kwakhona ngokulandelelana kweziganeko.
- n. Banike ithuba lokuthetha- cela umfundi aqale omnye agqibezele. Jonga ukuba iziganeko ziyalandelelana, kwaye nabafundi bayavumelana.
- o. Buza abafundi le mibuzo ilandelayo:
  - a. Sabanqanda njani isigebenga abantwana ekudlaleni esitiyeni saso? (Sakha udonga olukhulu.)
  - b. Sabeka ntoni njengesilumkiso isigebenga? (Akukho mntu uvumelekileyo ukudlala apha.)
  - c. Baziva njani abantwana xa bengasakwazi ukudlala esitiyeni? (Babekhathazeke kakhulu abantwana.)
  - d. Leliphi ixesha lonyaka elalingathandwa sisigebenga? (Ubusika)
  - e. Yayinjani imozulu kwisitiya sesigebenga? (Bekukho ingqele, isochotho nekhephu.)
  - f. Kwakutheni ukuze ihlobo libuye kwisitiya? (Ihlobo libuye akuba abantwana bephinde bazokudlala esitiyeni.)
  - g. Babuyela njani abantwana esitiyeni? (Abantwana bangena ngesikroba esasikudonga lesitiya.)
  - h. Saqonda ntoni ekugqibeleni isigebenga? (Isigebenga sabona ukuba sicinga ngesiqu saso kuphela.)
- p. Unezifundo ezithathu zokwenza lo msebenzi nabafundi.

### Ukumaka:

- a. Sebenzisa irubhriki ukuhlola umfundi ngamnye.
- b. Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
- c. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngesakhono sokuphulaphula nokuthetha somfundi ngamnye.

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo soku 1 kwezi 4.**

1	2	3	4
---	---	---	---



**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



**Phonics**

**Spelling test**

Sound **qw, zw**

20 min

Spelling Test	Date:
1. qwa	6. ilizwe
2. isiqwayi	7. ilizwi
3. iqweqwe	8. amazwi
4. eQwaqwa	9. amazwe
5. umqolo	10. eZwide

**Dictation Sentence**

Amazwi abantu baseQwaqwa awafani namazwi abantu baseZwide qha.



**Group Guided Reading Paired / Independent Reading**



Group **9**

15 min



**Writing**

**DBE workbook**

15 min

Incwadi Yokusebenzela  
Yoku-1 YeDBE  
Amaphepha: 49,52,53



**Group Guided Reading Paired / Independent Reading**



Group **10**

15 min



## Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

Assessment activity

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo 2 kwezi 4.**

1	2	3	4
---	---	---	---



## Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Sibuyele eklasini

Page 94-95

### COMPREHENSION:

#### Questions

Babuyele phi ngoku aba bafundi?

Ngubani oza kubhala ngezilwanyana zasendle?

Ngubani oza kubhala ngezilwanyana zasefama?

UAnn yena uzakufika athini?

Wena ubuzakubhala ngantoni? Ngoba?

#### Answers

Eklasini / esikolweni.

NguJabu

NguSam

Uzakuya kumalume ambalisele.

Nayiphi na impendulo efanelekileyo.

# WE EK

# 6

'The mediocre teacher tells. The good teacher explains. The superior teacher demonstrates. The great teacher inspires.' - **William A. Ward**



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

New sound  
Spelling words

Sound **nz**

10 min

## Phonic Words

iinzipho inzulu amanzi ininzi inzima



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **1**

15 min



## Handwriting

Handwriting  
practice

Letter **Nz**

30 min

## Handwriting Words

uNzima eNzululwazi uNzabela

## Handwriting Pattern:

*Nz Nz Nz*

## Handwriting Sentence:

Kuphele amanzi kwisikolo saseNzululwazi.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **2**

15 min



## Shared Reading

Pre-read

15 min

## Look And Say Words

ukuchaphaza ndisendleleni bendithwabaza  
ngethamsanqa indimanzise toxo





## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

DBE workbook

Sound **nz**

10 min

Incwadi Yokusebenzela Yoku-1

YeDBE

Amaphepha : 31,87



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **3**

15 min



## Writing

30 min

### lingcinga

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukubhala itekisi enenkcazo evakalayo, enjengekhadi okanye ileta
- Ukusebenzisa inkqubo elandelwayo yokubhala

### Izixhobo Ezifunekayo:

Ibhodi netshokhwe.

Iincwadi zabafundi ezinomhlathi kwakunye netshekhlisti. yokuzihlela yabafundi.

Iphepha elihamba lodwa lomfundi ngamnye ( lingathathwa kwiincwadi zabafundi) kwakunye neekhrayoni.

### Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi basezidesikeni zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika.
3. Bhala le freyimu ilandelayo ebhodini:

\_\_\_\_\_ othandekayo

(Isibuliso)

Ulunge kwizinto ezininzi. Ndiqwalasela (iimpawu ezintathu zobulungisa)

Ndifuna ukufunda lukhulu ngawe! (Imibuzo emi 2 )

Ube nosuku olumyoli!

Ozithobileyo,

**Umfuziselo:**

1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, bazaku HLELA baze BAPAPASHE imibhalo yabo engaphakathi kwamakhadi.
2. Ekuqaleni, xelela abafundi bakhangele abakubhalileyo besebenzisa ITSHEKHLISTI YOKUZIHLLELA.
3. Okulandelayo, sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi indlela yokusebenzisa ifreyimu yokubhala ukubhala umyalezo ONGAPHAKATHI kwekhadi.
4. Cacisa ukuba abafundi baza kubhala imiyalezo yabo ngokucocekileyo.

**Imiyalelo Ye-Orali:**

1. Yithi: Ngoku lithuba lenu lokugqibezela amakhadi enu.
2. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO kwakunye NAMAKHADI
3. Cela abafundi bahlele izivakalisi zabo.
4. Bacele bavule amakhadi abo PHAKATHI.
5. Cacisa ukuba kulapho baza kugqibezela imiyalezo yabo khona.

**Okubhalwayo:**

1. Xelela abafundi baqale ukubhala imiyalezo yabo.
2. Hamba - hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
3. Ngelixa uhamba - hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI. Eyona nto ibalulekileyo xa kubhalwa, kukhwakha ukuzithemba kubafundi. Mabakufumane kulula ukubeka usibe ephepheni.
4. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi namakhadi abafundi.

Igama:		
Umhla:		
Ndikhangelisise oonobumba abakhulu.	EWE	HAYI
Ndikhangelisise iimpawu zokubhala.	EWE	HAYI
Ndikhangelisise upelo lwamagama endiwaziyo.	EWE	HAYI
Izimvo:		

**Ukumaka:**

1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo kwiincwadi zabo. Ingaba ziinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, okanye igama :Kuyancomeka!
2. Sebenzisa irubhrikhi elandelayo ukuhlola umfundi


ngamnye.

3. Bhala iziphumo zokuhlola kwincwadi yokuhlola.
4. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngesakhono sokubhala somfundi.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi		Usebenza ngokwanelisayo		Usebenza ngokugqwesileyo	
Umsebenzi: Ukusebenzisa ikhadi ngokuchanekileyo	Umfundi akazobi mfanekiso ngaphambili ekhadini aze abhale umyalezo ngaphakathi.	0	Umfundi uzoba umfanekiso ngaphambili ekhadini aze abhale umyalezo ngaphakathi, ngokwemiyalelo.	1		
Umsebenzi: Ukusebenzisa ifreyimu yokubhala	Umfundi akayisebenzisi ifreyimu yokubhala, OKANYE ushiyelela iindawo ezithile.	1-2	Umfundi usebenzisa ifreyimu yokubhala ukulungisa izivakalisi ezibhaliweyo.	3-4	Umfundi usebenzisa ifreyimu yokubhala ukulungisa izivakalisi ezibhaliweyo. Umfundi ubonakalisa ubuchule bokongeza kwifreyimu yokubhala.	5-6
Umsebenzi: Ukufundela umlingane okubhaliweyo (LWESINE)	Uyala ukufundela umlingane wakhe umbhalo wakhe kwaye / okanye akaphulaphuli xa umlingane emfundela.	1	Ufundela umlingane umbhalo wakhe kwaye uyaphulaphula xa efundelwa ngumlingane wakhe.	2	Ufundela umlingane umbhalo wakhe ngotyibiliko. Ubonakalisa izakhono zokuphulaphula ezizizo ngokuthi abuze imibuzo okanye anike izimvo.	3

Example

Anna Othondekayo,  
Bhota mingane! Unjani?  
Ubalasela kwizinto ezininzi.  
Ndiguwasele ukuba ufunda kakuhle.  
Ulungile. Ndicinga ukuba ulingile.  
Ndifunda ukwazi ngakumbi ngawe. Ngubani  
umhlobo wakho wehene. Yeyiphi  
imidalo oyithandayo?  
Ube nosuku alungeli!  
Ozithobileyo,  
Palesa



Ku: Anna



**Group Guided Reading**  
**Paired / Independent Reading**



Group 4  
15 min



**Shared Reading**

First read

15 min

DBE Workbook 1  
Title: Isichotho  
Page 98-99



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

New sound

Sound **nq**

10 min

## Phonic Words

inqindi inqanawa inqawa inqununu inqina



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading

Group **5**

15 min



## Handwriting

Handwriting practice

Letter **Nq**

15 min

## Handwriting Words

uNqaba uNqabeni nqanda

## Handwriting Pattern:



## Handwriting Sentence:

Nqanda uNqaba angadlali ngamanqindi.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading

Group **6**

15 min



## Shared Reading

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Isichotho

Page 98-99



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

Own choice

Sound **nq**

10 min



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **7**

15 min



## Writing

15 min

### linjongo

Abafundi bafanele ukwazi :

1. Ukufundela abalingane abakubhalileyo

### Izixhobo Ezifunekayo:

Amakhadi enziwe ngabafundi

### Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto ezidesikeni.

### Umfuziselo:

1. Cacisela abafundi ukuba injongo yekhadi kukubhalela omnye umntu umyalezo.
2. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakunikezela ngamakhadi abawabhalileyo kubalingane babo.
3. Namhlanje sizakutshintshiselana ngamakhadi.
4. Sizakufundela umntu ohleli ecaleni kwethu ikhadi esilifumeneyo.

### Imiyalelo Ye-Orali:

1. NIKEZELA NGAMAKHADI.
2. Cela abafundi banike ikhadi kumntu ofanelekileyo.
3. Cacisa ukuba abafundi kufuneka babuyele kwiidesika zabo xa belifumene ikhadi.
4. Xeleta abafundi ukuba ngoku, bazakufundela ikhadi umntu ohleli ecaleni kwabo.

5. Cacisa ukuba abafundi bafanele UKUJIKA BATHETHE nomntu ohleli ecaleni kwabo.
6. Xa BEJIKA BETHETHA abafundi, hamba-hamba eklasini. Phulaphula kwintetho yabafundi uze ubuze imibuzo.





**Group Guided Reading  
Paired / Independent Reading**



Group **8**  
15 min



**Listening and  
Speaking**

**Poster vocabulary**

AMAXESHA ONYAKA

5 min

**Assessment activity**

25 min

Poster Vocabulary

1. Jonga emfanekisweni okwikona esezantsi ngasekunxele. Ukhangeleka unjani umthi? (Amagqabi aze, amdaka, afile.)
2. Inxibe impahla ezinjani intombazana apha? (Umnqwazi wewulu; ijezi; ibhatyi; ibhlukhwe ende; amagusha; iglavzi, ibhutsi, ipijama ende .)
3. Ucinga ukuba leliphi ixesha lonyaka eli? (Ubusika.)
4. Jonga kumfanekiso okwikona ephezulu ngasekhohlo. Ukhangeleka unjani umthi? (Uqala ujongeke mncinci, amagqabi aqaqambileyo aluhlaza.)
5. Inxibe ntoni intombazana apha? (Ilokhwe, Imbadada, isuti yokudada, isikwehle, i-amburela.)
6. Ucinga ukuba leliphi ixesha lonyaka? (Intwasahlobo.)

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho. Esi sisifundo 3 kwezi 4.**

1	2	3	4
---	---	---	---



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

### Spelling test

Sound **nz, nq**

20 min

Spelling Test	Date:
1. iinzipho	6. inqindi
2. inzulu	7. inqanawa
3. amanzi	8. inqawa
4. ininzi	9. inqununu
5. inzima	10. inqina

### Dictation Sentence

Inqununu uNzima ethanda amanzi iqhube inqanawa kwinzonzobila yolwandle.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **9**

15 min



## Writing

### DBE workbook

15 min

IDBE incwadi yokusebenzela  
1 amaphepha 60, 65



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **10**

15 min



**Listening and Speaking**

Rhyme, song or game

5 min

**Assessment activity**

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo 4 kwezi 4.**

1	2	3	4
---	---	---	---



**Shared Reading**

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Isichotho

Page 98-99

COMPREHENSION:
<b>Questions</b>
Ebesiya phi uBongi izolo?
Kwenzeke ntoni apho endleleni kuqala?
Ebahamba nabani uBongi?
Kwenzeke ntoni kuBongi xa isina imvula?
Xa engakwazi ukuba makathini uBongi, wenze ntoni?
<b>Answers</b>
Ebesindlelni egodukayo.
Kuqale kwachaphaza.
Ebehamba yedwa uBongi?
Ebemanzi ethe toxo.
Usuke wakhala.

WEEK ↘  
WEEK ↗  
WEEK ↗  
WEEK ↘

'Teaching is more than imparting knowledge,  
it is inspiring change. Learning is more than  
absorbing facts, it is acquiring understanding.'

- **William Arthur Ward**



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

New sound  
Spelling words

Sound **gc**

10 min

## Phonic Words

umgca imigca imigcobo ubugcisa gcada



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **1**

15 min



## Handwriting

Handwriting  
practice

Letter **Gc**

30 min

## Handwriting Words

uGcobani eGcuwa

## Handwriting Pattern:

*aaaaaa*

## Handwriting Sentence:

UGcobani ufunde ngobugcisa eGcuwa.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **2**

15 min



## Shared Reading

Pre-read

15 min

## Look And Say Words

besizihlalele besizidlalela zegaluva ngelingeni  
angangeebhola



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

DBE workbook

Sound **gc**

10 min

Incwadi Yokusebenzela Yoku-1

YeDBE

Iphepha: 65



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **3**

15 min



## Writing

30 min

### Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukubhala itekisi enenkcazo evakalayo, enjengekhadi okanye ileta.
- Ukusebenzisa inkqubo elandelwayo yokubhala

### Izixhobo Ezifunekayo:

Ibhodi netshokhwe

Amakhadi angolwesine

Iphepha elihamba lodwa lomfundi ngamnye (eli

lingathathwa kwiincwadi zabafundi) kwakunye neekhrayoni

### Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi basezidesikeni zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika.
3. Bhala le freyimu ilandelayo ebhodini:

\_\_\_\_\_ othandekayo

Ndiyabulela nge \_\_\_\_\_ (isivakalisi esi-1)

Ukuphendula imibuzo yakho \_\_\_\_\_ (phendula imibuzo oyibuzwe ngumlingane wakho)

Ndicinga ukuba \_\_\_\_\_ (iimpawu ezilungileyo e- 1-2)

Enkosi kwakhona!

Ozithobileyo,

---

**Umfuziselo:**

1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, bazakuphendula amakhadi abalingane babo.
2. Cacisa ukuba namhlanje abafundi bazakuqala amakhadi OMBULELO abalingane babo.
3. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi indlela yokugoba ikhadi.
4. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakubhala imiyalezo ngaphakathi kwamakhadi amatsha.
5. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi indlela yokusebenzisa ifreyimu yokubhala xa bebhala imiyalezo yabo NGAPHAKATHI kwamakhadi.
6. Cacisa ukuba abafundi bazakubhala imiyalezo yabo ngokucocekileyo.

**Imiyalelo Ye-Orali:**

1. Yithi: Ngoku lixesha lenu lokuqala ngamakhadi enu.
2. NIKA ABAFUNDI AMAPHEPHA AHAMBA ODWA kwakunye NAMAKHADI
3. Yalela abafundi bagobe amaphepha ahamba odwa ukwenza amakhadi.
4. Yalela abafundi ukuba bavule amakhadi abo baze bafumane imibuzo ebuzwe ngabalingane babo.
5. Yalela abafundi ukuba bavule amakhadi abo NGAPHAKATHI.
6. Cacisa ukuba kulapho bazakugqibezela imiyalezo yabo.

**Okubhalwayo:**

1. Xelela abafundi ukuba baqalise ukubhala imiyalezo yabo.
2. Hamba –hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
3. Ngelixa uhamba - hamba, KHUTHAZA ABAFUNDI. Eyona ndawo ibalulekileyo xa kubhalwa, kukhwakha ukuzithemba kubafundi. Mabakufumane kulula ukubeka usiba ephepheni.
4. Qokelela onke amakhadi esifundo sangoLwesine.

Example

Palesa Othandekayo,

Ndiyabulela ngo kuthetha kakuhle kangaka  
ngam.

Ukuphendula imibuzo yakho, umhlobo wam  
osenyongweni ngukgomotso. Ndithanda  
umdlalo wegamba.

Ndicinga ukuba ulungile kwaye uyimbaleki  
ebalaseleyo.

Ndiyabulela kwakhona!

Ozithobileyo,

Anna



Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi	Usebenza ngokwanelisayo	Usebenza ngokugqwesileyo			
<b>Ufakela amagama kwisichazi magama</b>	Umfundi akafakelanga gama kwisichazi magama sakhe OKANYE ufakele igama kwindawo engeyiyo.	0	Umfundi ufakele igama endaweni efanelekileyo kwisichazi magama.	1		
<b>Ubhala izivakalisi ezi 2-3</b>	Umfundi akabhalanga zivakalisi zibini OKANYE izivakalisi aziphelelanga.	1	Umfundi ubhale izivakalisi ezibini ubuncinane.	2	Umfundi ubhale izivakalisi ezithathu ezipheleleyo.	3
<b>Usebenzisa ubuchule nengqikelelo</b>	Umfundi ukhethe ukubhala azobe ngendawo eqhelekileyo.	1	Umfundi usebenzise ingqikelelo xa ecinga ngendawo anokuya kuyo. Umbhalo womfundi awubonakalisi zimvo ezinika umdla neengcinga ezizodwa.	2	Umfundi usebenzise ingqikelelo xa ecinga ngendawo anokuya kuyo. Umbhalo womfundi uneengcinga ezonwabisa nezizodwa.	3
<b>Umsebenzi: Ufakela amagama kwisichazi magama sakhe</b>	Umfundi akawabhalanga amagama okanye uwabhale nje naphi na ephepheni.	1	Amagama abekwe ngezantsi konobumba ochanekileyo	2	Amagama abekwe ngezantsi konobumba ochanekileyo. Umfundi ubhala inkcazelo ukukhumbula intsingiselo yegama	3



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 4

15 min



## Shared Reading

First read

DBE Workbook 1

Title: Isichotho ( Iballi Iika Ann)

Page 102

15 min



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

### New sound

Sound **ngq**

10 min

## Phonic Words

ingqina ingqondo ingqiniba ingqele ingqolowa



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **5**

15 min



## Handwriting

### Handwriting practice


Letter **Ngq**

15 min

## Handwriting Words

eNgqamakhwe eNgqele

## Handwriting Pattern:



## Handwriting Sentence:

Inggina lihlala kwilali yaseNgqamakhwe



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **6**

15 min



## Shared Reading

### Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Isichotho ( Iballi Iika Ann)

Page 102



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

DBE workbook

Sound **ngq**

10 min

Incwadi Yokusebenzela 1 ye DBE

Iphepha:



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **7**

15 min



## Writing

15 min

### Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukubhala itekisi enenkcazo evakalayo, enjengekhadi okanye ileta.
- Ukusebenzisa inkqubo elandelwayo yokubhala.

### Izixhobo Ezifunekayo:

Ibhodi netshokhwe

Amakhadi eveki ephelileyo namakhadi OMBULELO angolwesibini.

### Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi basezidesikeni zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedeseka.

### Umfuziselo:

1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, bazakugqibezela ukwenzela abalingane babo amakhadi OMBULELO.
2. Khumbuza abafundi ukuba sisebenzisa amakhadi ukudlulisa umyalezo omnandi emntwini.
3. Khumbuza abafundi ukuba UMPHAMBILI unomfanekiso kwakunye nomyalezo omfutshane.
4. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakuzoba umfanekiso phambili ekhadini.
5. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi indlela yokuzoba umfanekiso phambili ekhadini.
6. Cacisa ukuba umfanekiso ungayiyi nantoni na ethandwa ngumhlobo.
7. Cacisa ukuba abafundi bangabhala nantoni na emnandi nemfutshane enje ngale: ENKOSI okanye NDIYABULELA.

**Imiyalelo Ye-Orali:**

1. NIKEZELA NGAMAKHADI.
2. Khumbuza abafundi ukuba bazakuzoba PHAMBILI kumakhadi namhlanje.

**Okubhalwayo:**


1. Xelela abafundi baqalise ukuzoba.
2. Hamba –hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
3. Xa kushiyeke imizuzu emi - 5, yalela abafundi bangenise AMAKHADI ABO OMBULELO azokuhlolwa.
4. Xa ugqibile ukuhlola amakhadi, wanike kubafundi.
5. Umfundi ngamnye ufanele ukunikela ngekhadi kumntu alibhalele yena.
6. Cacisela abafundi ukuba bangawathatha amakhadi abo malunga neempawu zobulungisa kwakunye NEKHADI LOMBULELO baye nawo kumakhaya abo.

**Ukumaka:**

1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo kwiincwadi zabo. Ingaba ziinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, okanye igama :Kuyancomeka!
2. Sebenzisa irubhriki elandelayo ukuhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo zokuhlola kwincwadi yokuhlola.
4. Kwaye,phawula ngenkxalabo onayo ngesakhono sokubhala somfundi.

Inqanaba Lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi	Usebenza ngokwanelisayo	Usebenza ngokugqwesileyo			
Umsebenzi: Usebenzisa ikhadi ngokuchanekileyo	Umfundi akazobi mfanekiso ngaphambili ekhadini aze abhale umyalezo ngaphakathi.	0	Umfundi uzoba umfanekiso ngaphambili ekhadini aze abhale umyalezo ngaphakathi, ngokwemiyalelo.	1		
Umsebenzi: Usebenzisa ifreyimu yokubhala	Umfundi akayisebenzisi ifreyimu yokubhala, OKANYE ushiyelela iindawo ezithile.	1-2	Umfundi usebenzisa ifreyimu yokubhala ukulungisa izivakalisi ezibhaliweyo.	3-4	Umfundi usebenzisa ifreyimu yokubhala ukulungisa izivakalisi ezibhaliweyo. Umfundi ubonakalisa ubuchule bokongeza kwifreyimu yokubhala.	5-6
Umsebenzi: Uphendula imibuzo	Umfundi akayiphenduli imibuzo OKANYE iimpendulo azivakali.	1	Umfundi uyayiphendula imibuzo ebuziweyo ngezivakalisi ezipheleleyo.	2	Umfundi uphendula imibuzo ngezivakalisi ezipheleleyo. Iimpendulo ziqiqisiwe kwaye zibonisa ubuchule.	3

Example





## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 8

15 min



## Listening and Speaking

### Poster vocabulary

AMAXESHA ONYAKA

5 min

### Assessment activity

25 min

## Poster Vocabulary

1. Amasebe
2. Amagqabi
3. Amaxesha onyaka
4. Intwasahlobo
5. Ekwindla

### IMISEBENZI YOKUPULAPHULA NOKUTHETHA:

Impendulo ezilula kunye nezimbaxa/ gabalala kunye nezizathu zempendulo.

### linjongo:

Ekupheleni kwesi sifundo, abafundi bafanele ukwazi:

- Ukusebenzisa ipowusta ukuphendula imibuzo elula kunye nembaxa.
- Ukunika izizathu zeempendulo kwimibuzo yakho.

**Izixhobo ezifunekayo:**

- Ipowusta: Amaxesha amane onyaka

**Inkcazelo yesifundo:**

- Hlalisa abafundi ngocwangco ze baphulaphule ngenyameko.
- Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba iidesika zabo zicocekile.
- Qinisekisa ukuba abafundi bahleli ngocwangco kwaye bonke bayabona phambili eklasini.
- Bonisa abafundi ipowusta yamaxesha onyaka.
- Xoxani ngamaxesha onyaka kunye nabafundi ngemisebenzi efanayo eyenzekayo kwisifundo ngasinye.
- Xelela abafundi ukuba bagqibezele lo msebenzi kwiincwadi zabo zokubhala.
- Xelela abafundi ukuba bazobe ixesha lonyaka abalithandayo. Mabazizobe kumfanekiso besenza into abayithandayo.
- Hamba-hamba ujikeleze apha eklasini uqinisekisa ukuba abafundi bonke baqalile ukusebenza.
- Bancome abafundi ngomsebenzi wabo.
- Bakugqiba abafundi ukwenza konke okulindelekileyo kwimizobo yabo, babize ngabanye ngabanye.
- Buza umfundi ngamnye imibuzo evalekileyo emibini, kunye nevulekileyo.

**Imibuzo elula**

- Leliphi ixesha lonyaka elitshisa kakhulu? (Ihlobo)
- Leliphi ixesha lonyaka elibanda kakhulu? (Ubusika)
- Leliphi ixesha eliza emva koHlobo? (Ukwindla)
- Wazi kanjani ukuba yintwasahlobo? (Kukho amagqabi amatsha adubula emithini, intyantyambo ziyadubula, izilwanyana zibanabantwana – nayiphi impendulo efanelekileyo yamkelekile)

**Imibuzo embaxa / ephangeleleyo**

- Leliphi ixesha lonyaka olithandayo? Kutheni uthanda eli xesha?
- Leliphi ixesha ongalithandisiyo? Kutheni ulithanda eli xesha?

12. Uyakuba nezinye izizathu ezintathu ukuze ukwazi ukugcwalisa le misebenzi nabafundi.

**Ukumaka**

- Sebenzisa le rubriki ilandelayo ukuvavanya umfundi ngamnye.
- Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
- Kwakhona, phawula ngenkxalabo onayo ngokuphulaphula nokuthetha komfundi ngamnye.



Inqanaba lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi		Usebenza ngokwanelisayo		Usebenza ngokugqwesileyo	
Imibuzo elula	Umfundi akakwazi ukuphendula umbuzo olula kakuhle.	0	Umfundi angakwazi ukuphendula umbuzo omnye olula ngempumelelo.	1	Umfundi uphendula imibuzo elula kunye nembaxa ngempumelelo.	2
Imibuzo embaxa	Umfundi akakwazi ukuphendula umbuzo elula kakuhle.	0	Umfundi uphendula imibuzo elula ethingaza engenayo nengcaciso	1	Umfundi uphendula imibuzo embaxa eqinisekile kwaye enayo nengcaciso.	2
Izizathu zeempendulo	Umfundi akaniki sizathu sempendulo yakhe.	1	Umfundi unika abafundi isizathu sempendulo enye ethandabuza.	2	Umfundi unika isizathu esicacileyo, eqinisekile ekwanazo nezizathu zempendulo yakhe.	3
Ukucaca nokuvakala kwentetho	Umfundi akavakali nentetho yakhe ayivakali.	1	Umfundi uyavakala kumaxa amaninzi nentetho iyavakala kumaxa amaninzi.	2	Umfundi uyavakala nentetho yakhe icacile.	3

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo 1 kwezi 4.**

1	2	3	4
---	---	---	---



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

### Spelling test

Sound **gc, ngq**

20 min

Spelling Test	Date:
1. umgca	6. ingqina
2. imigca	7. ingqondo
3. imigcobo	8. ingqiniba
4. ubugcisa	9. ingqe
5. gcada	10. ingqolowa

### Dictation Sentence

Ingqina laseNgqele libone isela ligcada ingqolowa kwingqele yaseNgqamakhwe.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **9**

15 min



## Writing

### DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela  
Yoku-1 YeDBE  
Amaphepha : 68,69



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **10**

15 min



**Listening and Speaking**

Rhyme, song or game

5 min

**Assessment activity**

10 min

**QAPHELA:** Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo 2 kwezi 4.

1	2	3	4
---	---	---	---



**Shared Reading**

Post read


15 min

DBE Workbook 1

Title: Isichotho ( Iballi lika Ann)

Page 102

<b>COMPREHENSION:</b>
<b>Questions</b>
Ebehleli nabani uAnn?
Bebheleli phi?
Kwenzeka ntoni?
Uthi ebemangakanani amatye esichotho uAnn?
Baye bathini xa besoyika kakhulu?
<b>Answers</b>
Ebehleli noSipoti.
Ekhaya.
Bathe bedlala egadini kweza isichotho.
Uthi ebemakhulu njengebhola yegaluva.
Baye balala ngaphantsi kwebhedi.



'The secret in education lies in respecting the student.' - **Ralph Waldo Emerson**



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

New sound  
Spelling words

Sound **qh**

10 min

## Phonic Words

iqhina iqhiya iqhoshha iqhawe isiqhamo



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **1**

15 min



## Handwriting

Handwriting  
practice


Letter **Qh**

30 min

## Handwriting Words

eQhayiya uQhoboshiyane uQhuma

## Handwriting Pattern:



## Handwriting Sentence:

Igama lesikolo sakaQhuma yiQhayiya.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **2**

15 min



## Shared Reading

Pre-read

15 min

## Look And Say Words

Intwasahlobo Ihlobo Ukwindla Ubusika Ehlotyeni



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

DBE workbook

Sound **qh**

10 min

Incwadi Yokusebenzela Yoku-1

YeDBE

Iphepha: 81



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **3**

15 min



## Writing

30 min

### Iinjongo

#### Abafundi kufanele bakwazi:

- Ukuba negalelo kumava namagama obhalo lokwabelana
- Ukuphulaphula amava abanye abafundi

#### Izixhobo Ezifunekayo:

Ipowusta: Yamaxesha onyaka

Iphepha letshati yebali.

#### Ukuzilungiselela:

1. Xhoma ipowusta apho abafundi bazakuyibona.
2. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
3. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kwazo.

#### Umfuziselo:

1. Xelela abafundi: Namhlanje sizakuphulaphula sakhe ibali ngale powusta.
2. Cacisa kubafundi ukuba namhlanje , ikhosi izakubhala UMHLATHI.
3. Cacisa ukuba UMHLATHI yingqokelela yezivakalisi ngesihloko esinye.
4. Cacisa ukuba UMHLATHI uqala NGE SIVAKALISI ESIYINTLOKO. Isihloko sesivakalisi sazisa into umhathi ozakuba ngayo.
5. Cacisa ukuba UMHLATHI ke unesiqu. Isiqu zizo zonke izivakalisi ezisekela isihloko sesivakalisi.
6. UMHLATHI ugqibela ngeSIVAKALISI

ESIQOSHELISAYO. Esi sivakalisi esiqoshelisayo sishwankathela yonke imihlathi.

### **Ingxoxo ye-Orali:**

1. Xelela abafundi: Sizakwakha ibali elingomlinganiswa owahlukileyo kwixesha ngalinye lonyaka.
2. Cacisa ukuba namhlanje, uzakwenza UMHLATHI opheleleyo wezivakalisi ezi 6.
3. Khumbuza abafundi ukuba kufanele baphakamise isandla ukuba bafuna ithuba lokuthetha.
4. Cacisela abafundi ukuba uzakubhala ISIVAKALISI ESIYINTLOKO. Cacisa ukuba isivakalisi esiyintloko sazisa sicacise ukuba uzakuba ngantoni umhlathi.
5. Khumbuza abafundi ukuba umhlathi namhlanje uzakuba ngokwenziwa ngumlinganiswa kwixesha ngalinye lonyaka.
6. Buza abafundi: Singacacisa sithi uzakuba ngantoni lo mhlathi
7. Phulaphula ingcebiso zabafundi.
8. Kunye nabafundi, khetha ISIVAKALISI ESIYINTLOKO. Umzekelo: Kukho amaxesha amane onyaka.
9. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
10. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa ukuba ucinga ntoni ngesigaba ngasinye sesivakalisi.
11. Cacisa ukuba okulandelayo, ISIQU somhlathi sizakuxhasa isihloko sesivakalisi.
12. Cela abafundi ukuba bajonge izinto ezohlukeneyo ezenzeka kwixesha ngalinye lonyaka.
13. Vumela ukuba abafundi abohlukahlukeneyo babe negalelo ngamava..
14. Gqiba ngezivakalisi zeziqo ezine. Umzekelo:..Ehlotyeni kushushu kwaye uMpho uthanda ukudada. EKwindla, UMpho udla ngamagqabi. Ebusika, UMpho kufuneka anxibe idyasi. Entwasahlobo,UMpho udlala emachibini. Biza isivakalisi ukhwaze.
15. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
16. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa ukuba ucinga njani ngendawo nganye yesivakalisi.
17. Funda izivakalisi ukhwaze
18. Cacisa ukuba ISIVAKALISI SESIPHELO siphela ngomhlathi.
19. Cacisa ukuba ISIVAKALISI SESIPHELO sishwankathela umhlathi wonke.
20. Buza abafundi: Singazishwankathela njani zonke izivakalisi esizibhalileyo?
21. Vumela ukuba abafundi abohlukahlukeneyo babe negalelo ngamava.
22. Gqiba ngesivakalisi sesiphelo. Umzekelo: "Ixesha lonyaka ngalinye lohlukile!" Biza la magama ukhwaze.
23. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.

24. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa ukuba ucinga njani ngendawo nganye yesivakalisi.
25. UMFUZISELO ukubonisa ukuba ucinga njani ngendawo nganye yesivakalisi. .
26. Xa sele ugqibile, funda wonke umhlathi.
27. Khumbuza abafundi ukuba ABABHALI BAYAKUFUNDA ABAKUBHALILEYO.
28. Ncoma abafundi ngokwakha eli bali.
29. Khumbuza abafundi ukuba bazakuqalisa ukusebenzisa IMIHLATHI kwimibhalo yabo.
30. Bonisa ngebali eligqityiweyo kwikona yokufunda.

**Ukumaka:**

1. Sebenzisa le rubhriki elandelayo ukuhlola umfundi ngamnye.
2. Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
3. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye athe wabhala ngayo

Inqanaba lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi	Usebenza ngokwanelisayo	Usebenza ngokugqwesileyo	
<b>Qwalasela umamele utitshala:</b>	Umfundi Akammameli Kwaye akaqwalaseli into ethethwa ngutitshala.	1 Umfundi uyazama ukumamela aqwalasele kutitshala.	2 Umfundi uqwalasela amamele utitshala kuso sonke isifundo.	3
<b>Umsebenzi: Nika igalelo ngamava ebali</b>	Umfundi akenzi zinzame zakunika igalelo ngamava ebali	1 Umfundi wenza inzame zokuba negalelo lamava. Amava awasoloko efanelekile kwaye ingawo.	3 Umfundi unegalelo kwisifundo kwaye unegalelo lamava. Amava wakhe angawo kwaye afanelekile.	5
<b>Izakhono zokuphulaphula:</b>	Umfundi uhlala engxola okanye uphazamisa abanye xa bengxola.	0 Umfundi ungxola manqaphanqapha okanye uphazamisa abanye xa bengxola.	1 Umfundi uhlala ethule, enocwangco xa abanye bethetha.	2



## Example

Kukho amaxesha amane  
onyaka. Kushushu ehlotyeni  
noMpho uyakuthanda  
ukuqubha. Ekwindla, uMpho  
udlala emagqabini. Ebusika,  
uMpho kufuneka anxibe  
idyasi. Entlakohlaza, uMpho  
udlala eludakeni. Ixesha  
ngalinye lonyaka lohluKile!

Example

Palesa Othandekayo,

Ndiyabulela ngo kuthetha kakuhle kangaka  
ngam.

Ukuphendula imibuzo yakho, umhlobo wam  
osenyongweni nguKgomotso. Ndithanda  
umdlalo weqamba.

Ndicinga ukuba ulungile kwaye uyimbaleki  
ebalaseleyo.

Ndiyabulela kwakhona!

Ozithobileyo,

Anna



**Group Guided Reading**  
**Paired / Independent Reading**



Group 4

15 min



**Shared Reading**

First read

15 min

DBE Workbook 1  
Title: Amaxesha Onyaka  
Page 110-111



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

New sound

Sound **ty**

10 min

## Phonic Words

ukutya utyani isitya ityesi ityuwa



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **5**

15 min



## Handwriting

Handwriting  
practice

Letter **Ty**

15 min

## Handwriting Words

uTyanizasho uTyobeka utyani

## Handwriting Pattern:



## Handwriting Sentence:

UTyamzashe ngumbhali owaziwayo



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **6**

15 min



## Shared Reading

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Amaxesha Onyaka

Page 110-111



**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



**Phonics**

Own choice

Sound **ty**

10 min



**Group Guided Reading Paired / Independent Reading**



Group **7**

15 min



**Writing**

15 min

**Iinjongo**

Abafundi kufanele bakwazi:

1. Ukwakha ithala lamagama nesichazi magama besebenzisa isandi sokuqala ukwakha isakhono sesichazi magama.
2. Ukuba negalelo kwingxoxo yokukhetha isihloko abazakubhala ngaso.

**Izixhobo ezifunekayo:**

Ipowusta: Amaxesha onyaka

Iincwadi zabafundi neekhrayoni

**Ukuzilungiselela:**

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bahleli kwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kwazo.
3. Amaxesha amane onyaka, abhalwe ebhodini:
  - Intwasahlobo
  - Ihlobo
  - Ukwindla
  - Ubusika
4. Ezi zikhokelo zezivakalisi, zibhalwe ebhodini:
 

Ixesha lonyaka endilithandayo \_\_\_\_\_

Ixesha lonyaka endingalithandiyo \_\_\_\_\_

**Umfuziselo:**

1. Xelela abafundi ukuba, bazakongeza amagama amaxesha onyaka kwizichazi magama zabo.

2. Sebenzisa UMFUZISELO ukukhumbuza abafundi ukuba KONGEZA NJANI KWIZICHAZI MAGAMA ZABO.
3. Khumbuza abafundi ukuba bafanele ukuzoba umfanekiso ecaleni kwegama ukuze bakhumbule ukuba lithetha ukuthini.
4. Cacisa oko ke, abafundi bazakutyhila iphepha elitsha kwincwadi zabo.
5. Bazakukhetha ukubhala MHLAWUMBI ixesha lonyaka abalithandayo okanye ixesha lonyaka abangalithandisisiyo, abazakubhala umhlathi ngalo kwezi veki zimbini zizayo.
6. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi ukuba SIKHETHWA njani isiqalo sesivakalisi.
7. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi ukuba sisetenziswa njani isiqalo sesivakalisi

### **Imiyalelo ye-Orali:**

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Yalela abafundi ukuba bongeze amaxesha wonyaka kwizichazi magama zabo.
3. Khumbuza abafundi kufuneka batyhile ephepheni elitsha bagqibezele iziqalo zezivakalisi ebhodini.
4. Khumbuza abafundi ukuba ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE kwaye bacele abafundi ukuba bacinge ukuba bazakukhetha ukubhala ngexesha abalithandayo okanye abangalithandisisiyo. Cela abafundi ukuba bacinge ngexesha lonyaka abazakulikhetha.
5. Cela uninzi lwabafundi ukuba babelane ngezihloko ezikhethiweyo.

### **Ukubhala:**

1. Yalela abafundi ukuba baqale ukubhala isiqalo sesivakalisi ESINYE
2. Ngelixa abafundi bebhala, hamba-hamba apha eklasini ugqibezele UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.

Example

Elond xesha lonyaka  
endingalithandiyo pu busika.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **8**  
15 min



## Listening and Speaking

Poster discussion

AMAXESHA ONYAKA

5 min

### Assessment activity

25 min

## Poster Discussion

1. Jonga emfanekisweni okwikona ephezulu ngasekunene. Ukhangeleka unjani umthi? (amagqabi aqaqambileyo aluhlaza.)
2. Inxibe impahla ezinjani intombazana apha? (Isuti yokudada, isikhinda kunye nesikipha, impahla yakhe yesikolo yasehlotyeni.)
3. Ucinga ukuba leliphi ixesha lonyaka eli? (Ihlobo.)
4. Jonga kumfanekiso okwikona esezantsi ngasekunene. Ukhangeleka unjani umthi? (Amagqabi omile. I-Orenji, kunye negolide nebomvu. Amagqabi ayawa emthini.)
5. Inxibe impahla ezinjani intombazana apha? (ilokhwe, umnqwazi, ijezi, amagusha, idyasi.)
6. Ucinga ukuba leliphi ixesha lonyaka eli? (Ukwindla)

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke kelasini yakho. Esi sisifundo 3 kwezi 4.**

1	2	3	4
---	---	---	---





**Morning Oral Work**

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



**Phonics**

**Spelling test**

Sound **qh, ty**

20 min

Spelling Test	Date:
iqhina	ukutya
iqhiya	utyani
iqhoshha	isitya
iqhawe	ityesi
isiqhamo	ityuwa

**Dictation Sentence**

Utata wakwaTyobeka ufake ukutya etyesini waze waqhobosha amaqhoshha akhe.



**Group Guided Reading Paired / Independent Reading**



Group **9**

15 min



**Writing**

**DBE workbook**

15 min

Incwadi Yokusebenzela  
Yoku-1 YeDBE  
Amaphepha: 73,76,77



**Group Guided Reading Paired / Independent Reading**



Group **10**

15 min



## Listening and Speaking

Rhyme, song or game

5 min

Assessment activity

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubo bonke abafundi eklasini yakho. Esi sisifundo sesi 4 kwezi 4.**

1	2	3	4
---	---	---	---



## Shared Reading

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Amaxesha Onyaka

Page 110-111

COMPREHENSION:
<b>Questions</b>
Mangaphi amaxesha onyaka?
Biza amagama awo.
Kutheni engabuthandi uBusika uJabu.
Yintoni ethandwa ngabantu ehlotyeni?
Uthanda ntoni eNtwasahlobo uSam?
<b>Answers</b>
Mane.
INtwasahlobo, uBusika, iHlobo, uKwindla
Kuba buyabanda.
Ilanga lishushu, abanye bayaqubha, baze abanye bamamele umculo weentaka.
USam uthanda ukudlala ngoonjubalala eNtwasahlobo.

# W E E K

Educating  
yourself  
does not mean  
that you were  
stupid in the first  
place; it means that you  
are intelligent enough to  
know that there is plenty left  
to learn. **Melanie Joy**

# 9



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

New sound  
Spelling words

Sound **nqw**

10 min

## Phonic Words

Inqwelo umnqweno umnqwazi inqwelomoya  
ukunqwala



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **1**

15 min



## Handwriting

Handwriting  
practice

Letter **N**

30 min

## Handwriting Words

uNana uNombulelo uNono eNamibia

## Handwriting Pattern:



## Handwriting Sentence:

Inqwelomoya ihamba nabatyeleli baseNamibia.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **2**

15 min



## Shared Reading

Pre-read

15 min

## Look And Say Words

Gqaba-gqaba ngamafu liyana lisibekele liyabaneka  
eyeSilimela



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

DBE workbook

Sound **nqw**

10 min

Incwadi Yokusebenzela Yoku-1

YeDBE

Iphepha : 95



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **3**

15 min



## Writing

30 min

### linjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Bhala umhlathi omnye ngamava abo okanye iziganeko.
- Sebenzisa indlela yokubhala

### Izixhobo ezifunekayo:

Ibhodi kunye netshokhwe

lincwadi zabafundi

### Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwango ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi basezideskeni zabo qinisekisa ukuba akukho zinto ezidesikeni zabo.
3. Isivakalisi esiyintloko sangoLwesine, esibhalwe ebhodini: Ixesha lonyaka endingalithandisisi buBusika.

### Umfuziselo:

1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, abafundi bazokongeza izivakalisi kwisiqu somhlathi wabo.
2. Khumbuza abafundi ukuba kule veki iphelileyo, babhale ISIVAKALISI ESIYINTLOKO.
3. Khumbuza abafundi ukuba ISIVAKALISI ESIYINTLOKO sazise amaxesha onyaka abawuthandayo okanye nabangawuthandiyo.
4. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazokongeza izivakalisi ezine ukucacisa ukuba kutheni amaxesha abawakhethileyo bewathanda okanye bengawathandisisi.
5. Cacisa ukuba ababhali bazakubhala ngabo, kuba ABABHALI BABHALA NGENTO ABAYAZIYO.

6. Cacisa ukuba uzakucinga izivakalisi zakho ngaphambi kokuba ubhale, kuba ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE.
7. Khumbuza abafundi ukuba bazakubhala izivakalisi ezine.
8. Yithi: Andibuthandi ubusika kuba buyabanda. Ndiyakukhumbula ukudlala phandle xa kubanda. Ndiziva ndinesithukuthezi ngeeholide zobusika. Ndiyasikhumbula isikolo ebusika.
9. Khumbuza abafundi ukuba ABABHALI BASEBENZISA IZIXHOBO apho kukho imfuneko.
10. Cacisa ukuba xa kukho igama esingalaziyo, sizakuBIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO KWAYE SIBHALE ZONKE IZANDI ABAZIVAYO.
11. ZOBA UMGCA KWIGAMA NGALINYE.
12. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa ababhali UKUBIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO KWANOKUBHALA ZONKE IZANDI ABAZIVAYO.
13. Xa sele ugqibile, funda ISIHLOKO SESIVAKALISI kunye NEZIKU ZEZIVAKALISI ukhwaza ufundela ikhosi.

### Imiyalelo ye-Orali:

1. Yithi: Ngoku lithuba lenu lokuba ngababhali.
2. Namhlanje uzakongeza izivakalisi kwizihloko zezivakalisi zakho. Namhlanje, uzakucacisa ukuba kutheni uthanda okanye ungathandi ixesha lonyaka olikhethileyo.
3. Namhlanje UZAKUCINGA PHAMBI KOKUBA UBHALE.
4. Khumbula, ungabhala ngawe kuba ABABHALI BABHALA NGENTO ABAYAZIYO.
5. Cela abafundi ukuba bavale amehlo bacinge.
6. Cela abafundi aba 2-3 ukuba babelane nabanye eklasini ngamava abo.

### Okubhalwayo:

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Cacisa ukuba abafundi mabafune iphepha elineSIHLOKO SESIVAKALISI sangoLwesine.
3. Hamba- hamba ujonge ukuba abafundi bakwiphepha elililo.
4. Khumbuza abafundi ukuba BASEBENZISE IZIXHOBO kwaye BABIZE AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO BABHALE ZONKE IZANDI ABAZIVAYO.
5. Hamba- hamba eklasini ugqibezele UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
6. Ngelixa lodliwano ndlebe oluncinane, nceda abafundi ukuba bahlale KWISIHLOKO ESINYE.
7. Ngelixa lodliwano ndlebe oluncinane cela abafundi ukuba BAKUFUNDELE ABAKUBHALILEYO.

8. Ngelixa uhamba-hamba, bancome abafundi ngemizamo yabo. Into ebalulekileyo ekubhaleni kukwakha ukuzithemba kwabo. Mabazive bekhululekile ukubeka usiba ephepheni.

Xa abafundi sele bebhale imizuzu engangama 20, baxebele ukuba beme. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi.

**Ukumaka:**

1. Nika abafundi ingxelo eyakhayo kwincwadi zabo. Ingaba yinkwenkwezi, ubuso obuncumileyo, igama: Kuyancomeka!
2. Sebenzisa le rubhriki elandelayo ukuhlola umfundi ngamnye.
3. Bhala iziphumo kwincwadi yakho yokuhlola.
4. Kwaye, phawula ngenkxalabo onayo ngendlela umfundi ngamnye athe wabhala ngayo.

Inqanaba lokuhlola	Usebenza ngokungekanelisi		Usebenza ngokwanelisayo		Usebenza ngokugqwesileyo	
<b>Ukubhekiselela KWISIHLOKO ESINYE</b>	Umfundi AKABHEKISANGA zonke izivakalisi kwisihloko esinye ngesihloko sesivakalisi sabo. Isivakalisi singangangqinelani.	0	Umfundi ubhekiselele zonke izivakalisi kwisihloko esifanayo nesihloko sesivakalisi.	1		
<b>Ubhala iziqu zezivakalisi ezine</b>	Umfundi akabhalanga izivakalisi ezine OKANYE izivakalisi aziphelelanga.	1-2	Umfundi ubhale izivakalisi ezine	3-4	Umfundi ugqibe izivakalisi ezine ezigcweleyo nezifunekayo. Izivakalisi zinobuchule.	5-6
<b>Ukubhala amagama usebenzisa izandi zonobumba ezifundiweyo</b>	Umfundi akazamanga ukongeza amagama ephepheni lakhe.	1	Umfundi ufake oonobumba abathile ephepheni. Unobumba angangangqinelani nezandi zoonobumba.	2	Umfundi uwabizile amagama esebenzisa izandi azifundileyo. Amagama asephepheni abonakalisa ukuba umfundi uwabizile amagama ngokucutha kwaye wabhala izandi awazivayo.	3

Example

Kukho amaxesha amane  
onyaka. Kushushu ehlotyeni  
noMpho uyakuthanda  
ukuqubha. Ekwindla, uMpho  
udlala emagqabini. Ebusika,  
uMpho kufuneka anaxibe  
idyasi. Entlakohlaza, uMpho  
udlala eludakeni. Ixesha  
ngalinye lonyaka lohlukile!





**Group Guided Reading**  
**Paired / Independent Reading**



Group 4  
15 min



**Shared Reading**

First read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Ingaba iza kuna namhlanje ( limpawu zemozulu)

Page 114



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

New sound

Sound **nkw**

10 min

## Phonic Words

inkwenkwe amakhwenkwe inkwenkwezi uNkwali  
amaNkwali



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **5**

15 min



## Handwriting

Handwriting  
practice

Letter **Nkw**

15 min

## Handwriting Words

uNkwali uNkwinti

## Handwriting Pattern:



## Handwriting Sentence:

UNkwali ubulisa amakhwenkwe.

Incwadi Yokusebenzela Yoku-1 YeDBE

Iphepha : 55



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **6**

15 min



## Shared Reading

Second read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Ingaba iza kuna namhlanje ( limpawu zemozulu)

Page 114



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

Own choice

Sound **nk**

10 min



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **7**

15 min



## Writing

15 min

### Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukubhala umhlathi omnye ngamava abo okanye iziganeko
- Ukusebenzisa inkqubo yokubhala

### Izixhobo ezifunekayo:

Ibhodi kunye netshokhwe

Iphepha elinye elihamba lodwa lomfundi ngamnye( oku kungathathwa kwiincwadi zabafundi) kunye nekhrayoni.

### Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kwedesika zabo
3. ISIVAKALISI ESIYINTLOKO kunye NEZIQU ZEZIVAKALISI, ezibhalwe ebhodini.

### Umfuziselo:

1. Chaza ukuba namhlanje, sizakongeza ISIVAKALISI ESIQOSHELISAYO kwimihlathi yabo.
2. Khumbuza abafundi ukuba esi sivakalisi sizakushwankathela sigqibezele imihlathi yabo.
3. Chaza ukuba kuqala, abafundi bazakufunda NGESIVAKALISI ESIYINTLOKO NEZIQU ZEZIVAKALISI kuba ABABHALI BAFUNDA ABAKUBHALILEYO.
4. Ke, bazakubhala ISIPHELO sesivakalisi

ukushwankathela ezinye izivakalisi.

5. Funda isihloko sakho kunye nesiqu sesivakalisi ukhwaze eklasini.
6. Yithi: Lilonke, ebusika, ndiziva ndigodola ndikruqukile.
7. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
8. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi ukubhala izivakalisi.

### **Imiyalelo ye-Orali:**

1. Yalela abafundi ukuba bafunde ISIVAKALISI ESIYINTLOKO KUNYE NEZIVAKALISI ZEZIQU.
2. Khumbuza abafundi ukuba bazokubhala ISIVAKALISI ESIQOSHELISAYO ukushwankathela nokuchaza indlela abaziva ngayo ngamaxesha onyaka.
3. Nika abafundi imizuzu emi3-5 ukuba bafunde abakubhalileyo.
4. Xelela abafundi ukuba bacinge abazakubhala KWISIVAKALISI ESIQOSHELISAYO sabo,kuba ABABHALI BAYACINGA NGAPHAMBI KOKUBA BABHALE.
5. Cela amavolontiya ama 2-3 babalise ukuba bazakubhala ngantoni.

### **Ukubhala:**

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Yalela abafundi ukuba baqale ukubhala.
3. Ngelixa abafundi bebhala, hamba-hamba eklasini ugqibezele UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.

Example

Elond xesha lonyaka  
endingalithandiyo bu busika.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 8

15 min



## Listening and Speaking

Poster vocabulary

AMAXESHA ONYAKA

5 min

Assessment activity

25 min

## Poster Vocabulary

1. Isiqu somthi
2. Kubhudla umoya
3. Imozulu
4. Emnandi
5. Epholileyo

### UMSEBENZI WOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA:

Linganisa ingozi esuka kwipowusta

### Iinjongo:

Ekupheleni kwesi sifundo, abafundi bafanele ukwazi:

- Ukwenza umdlalo obonakaliswa kwipowusta.
- Qashela umdlalo odlaliweyo.

**Izixhobo ezizakusetyenziswa:**

- Ipowusta: Amaxesha amane onyaka

**Inkcazelo yesifundo:**

- Hlalisa abafundi ngocwangco ze baphulaphule ngenyameko.
- Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba idesika zabo zicocekile.
- Qinisekisa ukuba abafundi bahleli ngocwangco kwaye bonke bayabona phambili eklasini.
- Bonisa abafundi ipowusta yamaxesha onyaka.
- Xoxa ngemidlalwana emi 3 - 4 nabafundi, umzekelo, intombazana izakudada okanye intombazana iyangcangcazela.
- Abafundi mabasebenze ngokwamaqela ama 2- 3, kwaye ubonise umsebenzi abazakuwenza ngelinye ixesha elithile lonyaka.
- Nika abafundi esinye isifundo ukuze baziqhelanise nomdlalo.
- Khumbuza abafundi ukuba xa belinganisa umdlalo, bathethele qabavu bakhwaze ukulungiselela.
- Iqela ngalinye labafundi malibonise umdlalo walo kubo bonke abafundi abaseklasini.
- Abafundi mabaqashele ukuba badlala ngaliphi ixesha.

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho. Esi sisifundo 2 kwezi 4**

1	2
---	---



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

### Spelling test

Sound **nqw, nkw**

20 min

Spelling Test	Date:
Inqwelo	inkwenkwe
umnqweno	amakhwenkwe
umnqwazi	inkwenkwezi
inqwelomoya	uNkwali
ukunqwala	amaNkwali

### Dictation Sentence

Umnqweno kaNkwali kukufumana inqwelo eneenkwenkwezi ethandwa ngamakhwenkwe esikolo.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **9**

15 min



## Writing

### DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela  
Yoku-1 YeDBE. Amaphepha:  
80, 88, 92



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **10**

15 min





**Listening and Speaking**

Rhyme, song or game

5 min

**Assessment activity**

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho. Esi sisifundo 2 kwezi 4**

1	2
---	---



**Shared Reading**

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Ingaba iza kuna namhlanje ( limpawu zemozulu)

Page 114

COMPREHENSION:
<b>Questions</b>
Yimozulu yeyiphi inyanga le?
Bala iintsuku zale nyanga, zingaphi?
Liza kuna iintsuku ezingaphi?
Zingaphi iintsuku ezitshisayo?
Zingaphi iintsuku zangoMgqibelo kule nyanga?
<b>Answers</b>
Yeyenyanga yeSilimela.
Zingama -28.
Iintsuku ezintlanu.
Zili -11
Zine.

# 10 WEEK

Education breeds confidence. Confidence breeds hope. Hope breeds peace. **Confucius**



## Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

New sound  
Spelling words

Sound oo

15 min

## Phonic Words

ooNomsa oonojubalala oomakazi oomalume oomakhulu



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 1

15 min



## Handwriting

Handwriting  
practice

Letter O

30 min

## Handwriting Words

OoNomzamo OoNomsa Ootahndi OoThando

## Handwriting Pattern:



## Handwriting Sentence:

OoNomzamo bathenga iilekese evenkileni.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 2

15 min



## Shared Reading

Look and say words

15 min

## Look And Say Words

ngeyure yesithandathu ukhwela ngentsimbi entloko



## Morning Oral Work

I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

DBE workbook

Sound oo

15 min

Incwadi Yokusebenzela Yoku-

1 YeDBE

Iphepha: 59



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 3

15 min



## Writing

30 min

### Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi:

- Ukubhala elabo ibali elingangomhlathi ubuncinane
- Ukusebenzisa ifreyimu yokubhala
- Ukusebenzisa inkqubo yokubhala

### Izixhobo Ezifunekayo:

Ibhodi netshokhwe

Iincwadi zabafundi neekhrayoni

### Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.
3. Le freyimu ilandelayo, mayibhalwe ebhodini:  
Kudala dala kwakukho ...  
Yena ...  
Emva koko...

### Umfuziselo:

1. Xelela abafundi ukuba namhlanje, abafundi baza kubhala ibali eliyiINTSOMI.
2. Khumbuza abafundi ukuba INTSOMI libali elingeyonyani.
3. Cacisela abafundi ukuba bazakucinga NGOMLINGANISWA abanqwenela ukubhala ngaye.
4. Bazakucinga ngento eyenzeka kulo mlinganiswa.
5. Cacisa ukuba lo msebenzi ufanele ukuba myoli apho abafundi bazakusebenzisa UMFANEKISO MGQONDWENI.
6. Cacisela abafundi ukuba bazakucinga ngomlinganiswa wabo kuba ABABHALI BAYACINGA PHAMBI KOKUBA BABHALE.
7. Khumbuza abafundi ukuba bangasebenzisa ifreyimu

- yokubhala ibancede babhale ibali.
8. Yithi okanye funda.
  9. Kudala-dala kwakukho uThandi. Wayephuma sekudala siphumile isikolo esikolweni kwaye kwakufuneka ahambe yedwa sekumnyama. Wayesoyika, waze wabaleka kakhulu, kodwa wakhubeka wawa.Wathi xa efika kwikhaya lakhe , wafika esopha ekhala nokukhala.
  10. Sebenzisa UMFUZI SELO ukubhala ISIVAKALISI SOKUQALA sebali lakho.
  11. Khumbuza abafundi ukuba ABAFUNDI BASEBENZISA IZIXHOBO xa bebhala.
  12. Cacisa ukuba xa kukho igama esingalaziyo, SIZAKUBIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO ZE SIBIZE IZANDI ZAMAGAMA ESIZIVAYO.
  13. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
  14. Sebenzisa UMFUZI SELO ukubonisa abafundi INDLELA YOKUBIZA AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO NOKUBHALA AMAGAMA EZANDI ESIZIVAYO.
  15. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bafanele UKUFAKELA IINKCUKACHA. Cacisa ukuba abafundi bafanele ukusebenzisa lonke ixesha ukubhala kanga ngoko befuna.

### Imiyalelo Ye-Orali:

1. Yithi: Lithuba lenu lokuba ngababhali.
2. Namhlanje nizakucinga ngomlinganiswa. UNGAYILA nokuba yintoni na ngalo mlinganiswa. Namhlanje lixesha lakho lokusebenzisa UMFANEKISO NGQONDWENI xa uyila INTSOMI.
3. Namhlanje UZAKUCINGA PHAMBI KOKUBA UBHALE.
4. Cela abafundi bavale amehlo bacinge.
5. Cela abafundi aba 2-3 babelane ngeengcinga zabo neklasi.

### Ukubhala:

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Cacisa ukuba abafundi bafanele ukutyhila kwiphepha elicocokileyo ezincwadini zabo.
3. Hamba hamba uqinisekise ukuba umfundi ngamnye utyhile kwiphepha elichanekileyo.
4. Khumbuza abafundi BASEBENZISE IZIXHOBO BAZE BABIZE AMAGAMA NGOKUCOTHA NJENGOFUDO BABHALE ZONKE IZANDI ABAZIVAYO.
5. Hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
6. Ngexesha lodliwano ndlebe oluncinane – khuthaza abafundi basebenzise UMFANEKISO NGQONDWENI.
7. Ngelixa lodliwano ndlebe oluncinane cela abafundi BAKUFUNDELE IMIBHALO YABO.
8. Khuthaza abafundi baqhubeke bebhala, baze bafakele iinkcukacha okanye ezinye izivakalisi kumabali abo.
9. Ngelixa uhamba hamba, ncoma abafundi ngemizamo

yabo. Eyona nto ibalululekileyo xa kubhalwa kukwakha ukuzithemba kubafundi. Kufuneka bakufumane kulula ukubeka usiba ephepheni.

Xa abafundi bebhale ithuba elingangemizuzu angama 20, bacele bayeke. Ekupheleni kwesifundo, qokelela iincwadi zabafundi.

## Example

Kudala-dala kwakukho intombazana  
encinane enyuThandi. Wuhlala  
esikolweni emva kwexesha  
lokuphuma kwesikolo waze  
wagoduka ehamba yedwa.  
Wayesoyika, waze wabaleka  
kakhulu, kodwa wakhubeka wawa.  
Wathi xa (efaka) ekhayeni lakhe,  
wakhala.



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 4  
15 min



## Shared Reading

First read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Ingaba iza kuna namhlanje ( limpawu zemozulu)

Page 114





## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

### Spider words

Sound **ii**

15 min

## Phonic Words

iitapile iitumato iipesika iilekese iintaka



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **5**

15 min



## Handwriting

### Handwriting practice

Letter **I**

30 min

## Handwriting Words

iilekese ligusha libhokhwe linkuku

## Handwriting Pattern:

*acacacacac*

## Handwriting Sentence:

iilekese ezintathu zithengwe ngulnathi.

IDBE incwadi yokusebenzela 1 iphepha  
35



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **6**

15 min



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



## Phonics

### Own Choice

Sound ii

15 min



## Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group 7

15 min



## Writing

15 min

### Iinjongo

Abafundi bafanele ukwazi :

- Ukubhala elabo ibali elingangomhlathi ubuncinane
- Ukusebenzisa ifreyimu yokubhala
- Ukusebenzisa inkqubo yokubhala

### Izixhobo Ezifunekayo:

Ibhodi netshokhwe

### Ukuzilungiselela:

1. Hlalisa abafundi ngocwangco ukuze baphulaphule ngenyameko.
2. Ukuba abafundi bakwiidesika zabo, qinisekisa ukuba akukho nto phezu kweedesika zabo.
3. IBALI lakho, libhalwe ebhodini.
4. Ifreyimu yokubhala, ibhalwe ebhodini:
5. Kudala dala ...  
Yena ...  
Emva koko ...  
Ekugqibeleni ...

### Umfuziselo:

1. Cacisa ukuba namhlanje, abafundi bazakubhala iziphelo kumabali abo.
2. Khumbuza abafundi ukuba ABABHALI BAYAYIFUNDA IMIBHALO YABO.
3. Sebenzisa UMFUZISELO ukufundela ikhosi umbhalo wakho.
4. Yithi: UThandi wacinga, “ngomso andizokuphuma emva kwexesha esikolweni.”
5. KRWELELA UMGCA IGAMA NGALINYE.
6. Sebenzisa UMFUZISELO ukubonisa abafundi ukubhala isiphelo ebalini

**Imiyalelo Ye-Orali:**

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Yalela abafundi bafunde amabali abo angoLwesibini.
3. Khumbuza abafundi ukuba bazakubhala izivakalisi eziziphelo.
4. Nika abafundi imizuzu emi- 3-5 bafunde imibhalo yabo.
5. Xelela abafundi bacinge ngendlela abafuna amabali abo aphele.
6. Cela aamavolontiya ama 2-3 babelane ngeziphelo zamabali abo.

**Ukubhala:**

1. NIKA ABAFUNDI IINCWADI ZABO.
2. Yalela abafundi baqalise ukubhala.
3. Yalela abafundi bafakele iinkcukacha ezifuneka kumabali abo.
4. Xa bebhala abafundi, hamba hamba eklasini wenze UDLIWANO NDLEBE OLUNCINANE.
5. Cela abafundi BAFUNDE IMIBHALO YABO.
6. Cela abafundi bafakele izivakalisi ezisesiphelweni.
7. Khuthaza abafundi bafakele iinkcukacha nezivakalisi kumabali abo.

**Ukwabelana:**

1. Xa kushiyeke imizuzu emi 5 kwisifundo, yalela abafundi bayeke ukubhala.
2. Khumbuza abafundi ukuba eyona nto ibalulekileyo xa kubhalwa KUKUFUNDA UMBHALO WAKHO.
3. Cacisa ukuba namhlanje abafundi BAZAKUJIKA BATHETHE baze babelane ngemibhalo yabo nabahlobo.
4. Khumbuza abafundi ngendlela YOKUJIKA BATHETHE.
5. Sebenzisa ixesha elishiyekileyo uvumele abafundi BAFUNDELE ABAHLOBO IMIBHALO YABO.

Example

Kudala-dala kwakukho intombazana  
encinane enguthandi. Wahlala  
esikolweni emva kwexesha  
lokuphuma kwesikolo waze  
wagoduka ehamba yedwa.  
Wayesoyika, waze wabaleka  
kakhulu, kodwa wakhubeka nawa.  
Nathi xa (efaka) ekhayeni lakhe,  
wakhala. Wacinga ukuba akasobe  
(aphande) aphume esikolweni emva  
kokuba siphumile isikolo.





**Group Guided Reading  
Paired / Independent Reading**



Group **8**  
15 min



**Listening and  
Speaking**

**Poster vocabulary**

AMAXESHA ONYAKA

10 min

**Assessment activity**

20 min

**Poster Vocabulary**

1. Nika inkcazelo ngobusika- kwenzeka ntoni ebusika? (kuyabanda, iimini zimfutshane, kubamnyama kwangoko, iintsasa zineqabakai/ zibanda kakhulu , njl.)
2. Nika inkcazelo nge ntwasahlobo – kwenzeka ntoni nge ntwasahlobo? (kuyanetha, imithi namagqabi ziyadubula, iintyatyambo ziyaphuma, kuqalisa ukubashushu, abantwana bezilwanyana bayazalwa, etc.)
3. Nika inkcazelo ngehlobo – kwenzeka ntoni ehlotyeni? (kuye kutshise kakhulu, imini zibande, kubamnyama kade, imithi ibanamagqabi, intyatyambo ziyadubula, njl.)
4. Nika inkcazelo ngokwindla – kwenzeka ntoni ekwindla? (umoya uyabhudla, amagqabi ayoma aphaphatheke, kukho iindumba zamagqabi phantsi, amathafa ayatsha, njl.)
5. Leliphi elona xesha lonyaka olithandayo? Nika izizathu. (noba yeyiphi impendulo efanelekileyo.)

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho. Esi sisifundo 3 kwezi 4**

1	2	3	4
---	---	---	---



## Morning Oral Work

### I ORALI YASEKUSENI

- Xoxa ngosuku nomhla, imozulu neziganeko ezibalulekileyo.
- Yonwabela imihla yokuzalwa nabantwana.



### Phonics

#### Spelling test

Sound **oo, ii**

15 min

Spelling Test	Date:
1. ooNomsa	6. iitapile
2. oonojubalala	7. iitumato
3. oomakazi	8. iipesika
4. oomalume	9. iilekese
5. oomakhulu	10. iintaka

#### Dictation Sentence

OoNomsa bathengele oomakhulu iipesika neelekese kwivenkile ethengisa izimuncumuncu.



### Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **9**

15 min



### Writing

#### DBE workbook

15 min

Incwadi Yokusebenzela  
Yoku-1 YeDBE  
Amaphepha: 108,109, 128



### Group Guided Reading Paired / Independent Reading



Group **10**

15 min



### Listening and Speaking

#### Rhyme / song / game

5 min

#### Assessment activity

10 min

**QAPHELA: Unezifundo ezine zokuphulaphula kubafundi bonke eklasini yakho. Esi sisifundo 4 kwezi 4**

1	2	3	4
---	---	---	---

**Shared Reading**

Post read

15 min

DBE Workbook 1

Title: Ingaba iza kuna namhlanje ( limpawu zemozulu)

Page 114

**COMPREHENSION:****Questions**

Uvuka xesha liphi uJabu?

UJabu ukhwela ibhasi xesha liphi?

Uyidlala nini ibhola ekhatywayo uJabu?

Utya ngabani ixesha uJabu?

Uhamba ngabani ixesha esikolweni wena?

**Answers**


UJabu uvuka ngentsimbi yesithandathu.

Ngeyure yesixhenxe.

Ngentsimbi yokuqala.

UJabu utya ngentsimbi yesithandathu.

Umfundi ngamnye uyaziphendulela.



It does not matter how slow you go. As long as you do not stop.